- UPeter Jonga, abadlali babuyile; isidlo sasemini siphelile. Umdlalo uza kuqala ngoku. Masibuyele kwizihlalo zethu!

*Although President Mandela never played rugby, his interest in the game goes back to his youth. He remembers the playing days of the former Transkei homeland leader KD Matanzima with a chuckle: 'When he was tackled, the spectators would call out "help the son of a chief"' (*Cape Times* 16/3/1998. Article by Roger Friedman and Benny Gool.)



Isigama

kuhle	it's lovely	umdalo wamanqam	final (game)
iqakamba	cricket	ukuxhaswa	support
basakhulayo	budding (lit. still growing)	isihlwele	crowd
		kwawanika umoya	give them the impetus (lit. spirit)
bedlala	playing	igugu	pride
		enxiba	wearing
naphina	everywhere	ijezi	jersey
wawudlala ...?	did you play...?	indebe (half split calabash)	trophy
iintsuku	days	beyithe qhiwu	holding up high
usesesikolweni	you still being at school	kwa	also, even
ndandithanda	I loved, liked	inkxaso	support
umgcini-pali	wicketkeeper	luthambo luni?	what sort of exercise?
umbethi	batsman	-zigcina -philile	keep oneself fit
amangeno	innings	-baleka	run
nyhani!	really!	isikwashi	squash
intenetya	tennis	rhoqo	regularly
umbhoxo	rugby	-khwela	ride
-ophuka	be broken	ibhayisekike	bicycle
zange ndiphinde	I never again	-nyuka	climb
ndawoni?	what position?	intaba	mountain
isikramhafu	scrumhalf	-chwela	do woodwork
nangona	although	umsetyenzana	hobby (lit. a little job of making oneself happy)
ndandingadlali	I didn't play	wokuzonwabisa	mine
amaqela apheheya	overseas teams	owam	take photographs
ibhola ekharywayo	soccer (lit. ball which is kicked < -khaha = kick)	-fota	that's it
indoda yesibhozo	8th man	qha ke	but then
phofu	in fact	kodwa ke	where's the time?
-namandla	has the power	liphi ixesha?	return (from)
ngayo	by it	-buya	lunch
okumanya	of uniting	isidlo sasemini	return to
isizwe	nation	-buyela	seats
		izihlalo	



(Sunday Times 23/11/1997, Picture Thomas Turck Courtesy Touchline Photo)

In 1997 a young man from **Mdingi**, a village 15 km from King William's Town made cricketing history by

being the first Xhosa-speaking cricketer to be selected to represent South Africa. In 1990 the skinny 14 year old was first spotted by Border Cricket Development officer Raymond Maloyi.

Makhaya Ntini was 'discovered' and has not looked back since.

He represented Border U-15a against a touring England team and was considered the best fast bowler the English team had faced. While at school at Dale College he was chosen for South Africa U19 to tour England where he played at the hallowed MCC! He also toured Australia with the Dale College touring team. He showed that he was not only a very talented fast bowler but that he was no slouch with the bat scoring 102 to add to his bowling performance of 5 wickets for 50!

In 1998 in his debut for South Africa against New Zealand he took 2 wickets for 30 runs.

His interest in cricket was undoubtedly fostered by his late father who played at club cricket level while his uncle Lungile Makhulu still plays in the 'Amacala Egusha' competition.

Cultural background

'The uncles greeted each other tumultuously. Apart from blood links they had other ties. They had taught at Lovedale together before I was born. In family albums I had poured over pictures of such things as the staff cricket team in which they had both played. All my life the men in my family were cricket mad; when they 'rooted for South Africa' in Test Matches abroad and for provincial teams at home and followed their fortunes in newspapers and on radio despite the policy of apartheid in sport.' (Noni Jabavu *The Ochre People – Scenes from a South African Life*, John Murray, London, 1963)



Tshotsholoza

(onomatopoeic – the sound of a steam train)

'Tshotsholoza! Tshotsholoza!
Kwezo ntaba Stimela siphum' eRhodezhiya
Wen' uyabaleka kwezo ntaba
Wen' uyabaleka!
Stimela siphum' eRhodezhiya.'

[This is often sung by workers to give each other encouragement, hence its adoption as the unofficial anthem when *AmaBhokobhoko* needed that little extra something to win the rugby World Cup in 1995.]



'Tshotsholoza, a road menders' ditty or work-song, is a popular 'train song' of which there is a whole repertoire based on the theme of railway travel. It imitated the sound of a steam engine pulling out of a station [...], and as it gathers speed and settled into a regular rhythm, the voices combine in four parts accompanied by tremendous thumps of feet stressing the beat: 'STIMela siphum' eRHODE-zhiYA!' [...] The voices blended together exhorting the engine in the vocative, 'WEN' uya baLEka', inflections that praised the locomotive's magnificent performance on that two-thousand mile journey across tawny *veld*, through *mopani* forest, gradations of plateaux, karoo, mountains, valleys until the coast is reached.'

(Noni Jabavu, *The Ochre People*)

How to ...

Ask about someone's past sporting involvement

Wawudlala eyiphi imidlalo ngeentsuku zakho usesesikolweni?
Wawudlala eyiphi imidlalo ngeentsuku zakho useseyunivesithi?
Wawudlala ndawoni?

Respond to questions about your past sporting involvement

Ndandidlala:

iqakamba
intenetya
umbhoxo
isikwashi
ibhola ekhatywayo
ihoki
ibhola yomnyazi (netball)

ngeentsuku zam ndisesesikolweni / ndiseseyunivesithi.

Ndandidlala isikramhafu / indoda yesibhozo / iphika (wing).

Ask about present sporting involvement

Uyadlala?
Udlala ntoni?
Udlala phi?
Udlala kweliphi iqela?
Uqeqesha phi?
Uqeqesha ngubani?

Respond to questions about your present sporting involvement

Ndidlala iqakamba / intenetya / umbhoxo / isikwashi / ibhola ekhatywayo / ihoki / ibhola yomnyazi.
Andidlali mdlalo.
Andisadlali mdlalo.
Andinalo ixesha lokudlala imidlalo.

Ask what someone does to keep fit

Wenza luthambo luni ukuzigcina uphilile? (see Unit 15.6)

Say what you do to keep fit

Ndiyabaleka.	I run.
Ndiyaqubha.	I swim.
Ndiyahamba-hamba.	I walk.
Ndinyuka intaba / entabeni.	I do mountain climbing.
Ndikhwela ibhayisekile.	I cycle.
Ndikhwela amahashe.	I do horse riding.
Ndiyadanisa.	I do ballroom dancing.
Ndiyaxhentsa.	I do traditional dancing.

Ask whether someone has hobbies

Unayo imisetyenzana yokuzonwabisa?

Say what your hobbies are

Ndiyachwela.	I do woodwork.
Ndiyafota.	I do photography.
Ndiyakuthanda ukufunda.	I like reading.
Ndicola kwikwayari.	I sing in a choir.
Ndiyathunga.	I sew.
Ndiyanitha.	I knit.
Ndiyazoba.	I paint.
Ndisebenza egadini.	I garden.
Ndiyakuthanda ukuloba.	I like fishing.
Ndenza izitya neembiza ngodongwe.	I do pottery.
Ndiqokelela izitampu.	I collect stamps.
Ndiyaluka.	I do weaving.

Cultural background**Ukuxhentsa**

Umxhentso is a traditional Xhosa dance consisting of rhythmic movements, stamping feet and various gestures accompanied by the singing and clapping of women and girls.

This dance is performed by women and men at beer drinking, by men at a wedding (*umdudo*) and by a diviner while divining.



MULTI-CULTURAL COPS These South African Police Service members spend most of their spare time dancing the traditional way. They're trying to promote cultural diversity within their service.

(Courtesy Cape Times 17/5/1996. Picture Alan Taylor)

Izinto zokuhambisa ixesha (pastimes)

ukubukela umabona-kude / iTV
 ukuphulaphula umculo (music) ngeeteyiphu nangeeCD
 ukuphulaphula unomathotholo

The word *unomathotholo* = 'radio' comes from the association between the disembodied voices which certain traditional healers who may have spirits manifest in themselves – voices, whistles, etc. (regarded as both rare and singular, and an honour from the ancestors).

OONOMATHOTHOLO

'Oonomathotholo bayeza
 kusasa bayeza.
 Bayeza ekuseni
 Bayezal'

The witchdoctors are coming
 early in morning they are coming.
 They are coming early in the morning
 They are coming!

How it works

1 The participial

The **participial** construction, similar to the English verbal ‘-ing’ form (participle), usually denotes **two simultaneous actions**. Its use is more extensive in Xhosa than it is in English. As is the case with the passive construction, you must be familiar with the **participial** should you wish to read Xhosa texts. Many examples can be found in captions under photographs in newspapers and magazines:

*Ekufikeni kwakhe
eyela eLusuthu,
uPrince Charles wamkelwa
eMzantsi Afrika yiNkulumbuso
yaseGauteng. (On his arrival
(coming) from Lesotho, Prince
Charles was welcomed by the
Premier of Gauteng.)*

*UPrince Charles
encokola nosekele Mongameli
nenkosikazi yakhe. (Prince
Charles chatting with the
Deputy President and his wife.)*

*UHarry noCharles
noSekela Mongameli,
bengena kwibala lemidlalo.
(Harry and Charles and the Deputy
President entering the stadium.)*

*Usekele Mongameli
ebulisa isihlwele ekufikeni
kwakhe kwibala lemidlalo.
(The Deputy President greeting
the crowd on his arrival
at the stadium.)*

(BONA, February, 1998, p.44)

*Xa amaqhawe edibana ...
uNaomi Campbell uthe kudibana
nobaw' uMadiba kufana
'nokunyathelaku kukhanya
kwelanga' (When the celebrities
met, Naomi Campbell said that
to meet with 'her father' Madiba
was like stepping into the
sunshine.)
(BONA, October, 1997, p.36)*

*Amadoda axhentse imini
yonke enik' imbeko inkokeli
yawo. (The men danced the
whole day giving respect to their
leader.)
(BONA, November, 1997, p.21)*

From these captions you can see that the subject concords referring to Classes 1/1a; 2/2a and 6 are: ‘-e’; ‘-be’; ‘e-’ respectively. The subject concords referring to all the other classes are the same as the **short forms of the present tense indicative** (cf. Unit 2.2).

The **participial** can also be translated as follows:

Waqala ukudlala ibhola ekhatywayo eseneminyaka esibhozo.	He started to play soccer from the age of eight.
Ukhule enomdla kakhulu kumdlalo webhola ekhatywayo.	He grew up with a great interest in soccer.
Bancokole bebukela iqakamba.	They chatted while watching cricket.

Sometimes the **participial** is **not translated** in English:

Wazalwa ngo-1970 engumntwana wesithathu kusapho lwabantwana abahlanu.	He was born in 1970, (being) the third child in a family of five children.
Ufotwe ekunye nabanye abadlali begela lakhe.	He was photographed (being) together with other players of his team.

Note: ‘-si-’ is infixed between the subject concord and a **monosyllabic verb stem**, e.g. ‘-ya’ = ‘to go **to**’:

Ndiqhwarela ndisiya.	I am limping going along.
----------------------	----------------------------------

‘-s-’ is infixed between the SC and a **vowel verb stem**, e.g. ‘-enza’:

Ungalibali ke, esenza iBA nje, ubambe mibini imisebenzi.	Don't forget then she is doing her BA while holding down two jobs.
---	---

Use of the participial form

After the **conjunction** ‘xa’ = ‘when’ / ‘whenever’ / ‘if’:

Xa esitsho uthetha inyaniso.	Saying so she tells the truth.
------------------------------	--------------------------------

After the **interrogative** ‘kutheni’ = ‘why?’ (cf. Unit 8.4):

Kutheni engandixelelanga?	Why did she not tell me?
---------------------------	--------------------------

It is used after certain **auxiliary verbs**, e.g. ‘se- / sel- / sele-’ = ‘already’:

Ukhona?	Is he/she there?
Hayi, sel'emkile.	No, he/she has already left.

And also after 'soloko' = 'always':

Wasoloko enqwenela ukudlala iqakamba njengomkhuluwa wakhe. He **always** wanted to play cricket like his older brother.

The participial form is also used after the adverb of time 'kudala' = long ago:

Kudala esemtsha wayedlala **amanqindi**. Long ago when he was still young, he used to box. (lit. used to play **fists**)

As can be seen from these examples, the **participial** occurs in the present and past tenses, both positive and negative (infix '-nga-').

2 The continuous recent past tense

This frequently used past tense usually covers any **continued action** or **state** during the *recent past* and is formed with '-be-' + the **participial**.

'-be-' = 'was' / 'were' is the recent past tense of 'ukuba' = 'to be' (cf. Unit 10.3):

Ndibe ndidlala (very rarely used in everyday speech) = I **was** playing
shortened to → **Bendidlala** = I **was** playing

Subject concords of the continuous recent past tense

Ubuphi izolo?	Where were you yesterday?
Beniphi izolo?	Where were you yesterday?
Bendidlala umbhoxo.	I was playing rugby.
Besidlala umbhoxo.	We were playing rugby.
Ukunjani umdlalo?	How was the game?
Ibinomdla imidlalo.	The games were interesting.
Ebelapho* uThemba?	Was Themba there?
Bebelapho ooThemba?	Were Themba and co. there?
Belidlala njani iqela lakho?	How did your team play?
Ebedlala kakuhle amaqela omabini.	Both teams played well.
Besidlala njani isiskramhafu?	How did the scrumhalf play?
Bezidlala kakuhle iziskramhafu zozibini!	Both scrumhalves played well!

Beziziintshatsheli!	They were champions!
Belunzima ukhuphiswano olo!	It was a tough competition.
Bebukho ubuhlobo phakathi kwamaqela?	Was there camaraderie among the teams?
Ibinjani inxalenye yempela-veki?	How was the rest of your weekend?
Bekumnandi kakhulu!	It was very nice.
Bekuyimini enempumelelo kwiqela lethu.	It was a successful day for our team.
*You may find 'ube-' used instead of 'ebe-'.	

From these examples you can see that:

1 In the unshaded examples 'be-' is simply prefixed to the subject concords. However, in the shaded examples where the **subject concords** consist of a **vowel only**, the subject concords and / or 'be-' are slightly modified.

2 The **continuous recent past tense** is also used to describe an action or process taking place **at a certain point in time in the near past** where English would simply use the past tense:

Belidlala njani iqela lakho? How **did** your team play (at the time)?

3 The **continuous recent past tense** is used not only with **verbs** but with **copulatives, interrogatives, locatives** and **descriptives** as well. These descriptives also include **stative verbs**:

Stative verbs
present tense

Ndixakekile.
I **am** busy.
Sithabathekile.
We **are** impressed.
Ndingxamile.
I **am** in a hurry.

Bonwabile abaxhasi!
The supporters **are** happy!

Stative verbs
past tense

Bendixakekile.
I **was** busy.
Besithabathekile.
We **were** impressed.
Bendingxamile.
I **was** in a hurry.

Bebonwabile abaxhasi!
The supporters **were** happy!

Note: As is the case with the **participial**, the **two infixes** ‘-si-’ and ‘-s-’ also occur in the **continuous recent past tense**.

‘-si-’ with **verbs of one syllable**:

Bebesithini? What **were** they saying?

‘-s-’ with **vowel verbs**:

Ubusenza ntoni izolo? What **were** you doing yesterday?

The **negative** of the **continuous past tense** is formed by: infixing ‘-nga-’ and changing the final vowel to ‘-i’ with **consonant verbs**:

Bendingasebenzi. I **wasn’t** working.

Use ‘-ng-’ and change the final vowel to ‘-i’ with **vowel verbs**:

Bendingenzi nto izolo. I **wasn’t** doing anything yesterday.

Use ‘-nga-’ and suffix ‘-anga’ with a stative verb:

Bendingaxakekanga. I **wasn’t** busy.

Use ‘-nge-’ with non-verbal predicates:

Ebengekho uThemba? **Wasn’t** Themba there?

Belungenzima ukhuphiswano olo! **Wasn’t** that a difficult competition!

3 The continuous remote past tense

This past tense usually covers any continued action or state during the *remote past*. It is frequently used in biographies and reports of past events. (cf. Units 3.4 and 7.4).

It is formed with: SC of remote past tense + ‘-be’ or ‘-ye’ + the **participial**

‘-be’ = ‘was’ / ‘were’ – the recent past tense of ‘ukuba’ = ‘to be’

‘-ye’ = ‘went’ – the recent past tense of ‘ukuya’ = ‘to go to’

Ndabe ndidlala. I **used to** play (long ago). (lit. I **was** I playing)
shortened to: **Ndandidlala.**

Waya edlala. He **was** playing (long ago)
shortened to: **Wayedlala.**

Note: As is the case with the continuous recent past tense, the full form is very rarely used in everyday speech.

This tense often has the connotation of ‘**used to**’, which can be expressed explicitly by adding ‘-kade’:

Ndandikade ndidlala. = lit. I **was long ago** I playing.

Wawudlala ntoni ngelaa xesha? What **were you** playing **at** that time?

Ndandidlala iqakamba. I **was** playing cricket.

Ndandingumgcini-pali. I **was** a wicket-keeper.

Nanidlala ntoni ngelaa xesha? What **were you** playing **at** that time?

Sasidlala umbhoxo. We **were** playing rugby.

Wayezigcina ephilile ngokuhamba. He **used to** keep himself fit by walking.

Babezigcina bephilile ngokubaleka. They **used to** keep themselves fit by running.

Wawunjani umdlalo wombhoxo ngelaa xesha? What **was** the game of rugby like **at** that time?

Yayinomdla imidlalo. They **were** interesting games.

Lalidlala njani iqela lakho? How **did** your team **play**?

Avelungile amaqela ngelaa xesha. The teams **were** good **at** that time.

Kwakumnandi ngoko. It **was** (very) nice then.

As you can see from these examples, ‘-be’ or ‘-ye’ is omitted except for Classes 1/1a, 4, 6 and 9.

Note: As is the case with the **participial** and the **continuous recent past tense**, the infixes ‘-si-’ / ‘-s-’ also occur in the **continuous remote past tense** with **verbs of one syllable** and **vowel verbs** respectively, while ‘-nga-’ is infixed in the negative.



How to apply it



1 Listen to the Xhosalised English words on tape and write down the English equivalents

- (a) _____
- (b) _____
- (c) _____
- (d) _____
- (e) _____
- (f) _____

- (g) _____
 (h) _____
 (i) _____
 (j) _____

2 Okunokwenziwa ngebhola

Unokuyikhaba.	You can kick it.
Unokuyibamba.	You can catch (hold) it.
Unokuyiphosa.	You can throw it.
Unokuyigqithisela.	You can pass it.
Unokuyibetha.	You can hit it.

Now instruct somebody to:

- (a) kick it! _____
 (b) catch (hold) it! _____
 (c) throw it! _____
 (d) pass it! _____
 (e) hit it! _____

3 Complete the questions with the appropriate interrogative

- (a) Uqala _____ umdlalo weqakamba?
 (b) Kudlala _____ amaqela namhlanje?
 (c) Ngu _____ usompempe?
 (d) Ngu _____ ophume phambili?
 (e) Umdlalo udlalwa _____?
 (f) Kuphumelele _____?
 (g) Kuphumelele _____ iqela?

4 Complete the statements

- (a) Ndi _____ dlala iqakamba. I still play cricket.
 (b) _____ dlal _____ bhola ikhatywayo. I don't play soccer.
 (c) _____ ndi _____ dlal _____ ntenetya. I don't play tennis any longer.
 (d) _____ ndikade _____ dlala intenetya. I used to play tennis.
 (e) _____ ndiwudlal _____ umbhoxo. I never played rugby.

5 Sports preferences

You express your preferences for certain sports. Ask somebody why he/she prefers a certain sport:

- (a) Andithandi mbhoxo. Ndiyacinga ukuba undlongo-ndlongo (rough) ungaba nengozi.
 Why do you like rugby? _____
 (b) Andithandi kuqubha. Ndiyawoyika amanzi.
 Why do you like it? _____
 (c) Ndithanda intenetya kakhulu.
 Why don't you like it? _____
 (d) Ndithanda ukunyuka intaba kakhulu. Indalo (nature) intle gqitha!
 Why don't you like it? _____

6 Past hobbies

Somebody tells you about past hobbies and you ask questions about them:

- (a) Ndandikade ndithunga kakhulu.
 What did you use to sew? _____
 (b) Ndandikade ndinitha yonke imihla.
 What did you use to knit? _____
 (c) Ndandikade ndicula.
 What did you use to sing? _____
 (d) Ndandikade ndidanisa kakhulu.
 Which dances? _____
 (e) Ndandikade ndiloba kakhulu.
 Where? _____

7 Meeting somebody for the first time

You meet someone for the first time. Ask them these questions:

- (a) Do you like sport?
 (b) Which team do you support?
 (c) Do you watch sport on TV?
 (d) Do you have hobbies?
 (e) Do you like music?

8 Complete appropriately.

Fill in the correct subject concord to complete the following particulars about past soccer personalities:

- (a) UJomo Sono _____mele ibhola yaseMzantsi-Afrika phesheya.
- (b) UGeorge Thebe _____yintloko yeSANFA.
- (c) UMbanya _____dlalela iMorokaSwallows.
- (d) UKaizer Motaung _____ngomnye wabadlali abaphambili beOrlandoPirates.

9 Read the dialogue and answer the questions

USIPHO NOVUYANI BADIBANA BANCOKOLE

USipho Molo, bhuti. Uzifihle phi? Ubuphi? Khangе ndikubone ixesha elide.

UVuyani Mfondini, bendigula inyanga yonke.

USipho Awu! Ndilusizi. Ubhetele ngoku?

UVuyani Ewe, ndiphilile kwakhona kangangokuba ndiqale ukuphangela kwakhona namhlanje. Ukhe wambona uNomsa kutshanje? (*recently*)

USipho Hayi. Ndiva ukuba usesibhedlele.

UVuyani Uphethwe yintoni?

USipho Andiqinisekanga. Ingathi waba kwingozi. (*she was in an accident*)

UVuyani Awu! Ingozi enjani?

USipho Uyazi, uNomsa udla ngokubaleka. (*usually runs*) Ebeziqeqeshela i*Two Oceans*. Ngoku, kuthiwa wawa. Wophuka umlenze.

UVuyani Torhwana! Imbaleki enje ukuqaqamba. (*she's an outstanding athlete*) Ukwesiphi isibhedlele?

USipho Andazi.

UVuyani Ndiza kufowunela umyeni wakhe ukufumanisa (*find out about*) ngesibhedlele.

- (a) USipho udibana nabani?
- (b) Kutheni engambonanga uVuyani ixesha elide?
- (c) Akasebenzanga ixesha elingakanani uVuyani?
- (d) Abahlobo bathetha ngabani?

(e) UNomsa udla ngokwenza ntoni?

(f) Kutheni uNomsa esesibhedlele?

(g) Kutheni uVuyani efuna ukufowunela umyeni kaNomsa?

10 Fill in the appropriate missing elements

- (a) UVuyani _____funa ukufowunela umyeni _____mhlobo _____khe.
- (b) UVuyani _____funa ukufowunela inkosikazi _____mhlobo _____khe.
- (c) UVuyani _____funa ukufowunela abazali _____mhlobo _____khe.

11 Hobbies and pastimes

Read the following about hobbies and pastimes. Fill in the appropriate words and phrases from the list:

(a) inabo nobuchule bokwenza izinto ngezandla, (b) abadlala imidlalo, (c) Luphulaphula lubukele, (d) ukuphulaphula, (e) ubomi bangaphandle, (f) abaphila, ngomculo, (g) ukuqokelela, (h) nokubukela, (i) baqokelela and (j) ukufunda.

Bakho abantu abathanda (1) _____ izinto, umzekelo izitampu. Baneencwadi ekuthiwa zii-album, apho kukho izitampu ezininzi ezikhoyo ehlabathini. (*from all over the world*). Abantu abambalwa (2) _____ izinto zakudala, umzekelo ifanitsha (*furniture*) okanye imizobo (*paintings*).


Baninzi abantu abathanda (3) _____. Ngempela-veki banyuka iintaba, bayabaleka, bakhwela ibhayisekile, baqubha elwandle okanye emilanjani okanye bayaloba kuba bathanda ukutya iintlanzi.

Inkoliso (*most*) yabantu (4) _____ umzekelo initha iijezi, yaluka imilengalenga yodonga, ithunga iilokhwe, iyachwela, yenza izitya ngodongwe okanye isebenza egadini.

Uninzi (*many*) lwabantu luthanda (5) _____ kunomathotholo (6) _____ kumabona-kude imini yonke. (7) _____ iindaba, umculo, imidlalo eqhutywayo, (*serials, lit. plays which are continued*) iifilim, imidlalo enjengombhoxo, iqakamba, isoka njalo, njalo.

Baninzi abantu (8) _____, ngakumbi isoka, umbhoxo, neqakamba ezithandwa kakhulu.

Abanye abantu bathanda (9) _____ amaphephandaba neencwadi.
Bathenga iincwadi okanye baboleka kwithala leencwadi (*from the library*).




Kukho abantu (10) _____. Bacula ekwayarini, badlala izikhaliso (*musical instruments*) umzekelo ipiyano okanye bayadanisa.

13 | Masiye kulaa restyu intsha! Let's go to that new restaurant!

In this Unit you will learn how to:

- ask for a table for the appropriate number in your party
- ask for a particular table
- ask for a menu
- ask what dishes are recommended
- excuse yourself from the table
- comment on your food
- ask for the bill

Incoko

 After the cricket, Peter and Themba, Jenny and Thandi go to a recently opened restaurant specialising in traditional Xhosa fare.

Umphathi-werestyu Molweni. Namkelekile kwiZiko Lethu. Siyavuya kakhulu ukunibona! Ninjani?

UThemba Hayi, siphilile ngaphandle kokulamba! Ingaba unayo itafile yabantu abane?

Umphathi-werestyu Ngokuqinisekileyo! Ndilandeleni.

UThandi Ingaba singafumana itafile ngasefestileni?

Umphathi-werestyu Nantsi. Injani le?

UThandi Ilungile! Siyabulela.

They sit down.

Umphathi-werestyu Nalu uluhlu lokutya.

UThemba Ucebisa sithathe ntoni na? Yintoni isipeshali sanamhlanje?

Umphathi-werestyu Heke, kwizidlo zokuqala sinesonka samanzi.

- UJenny Oo! loo nto indikhumbuza ubuntwana bam efama! Ndiyasithanda kakhulu **isonka samanzi!**
- Umphathi-werestyu Nyhani, Nkosikazi! Nisuka phi?
- UJenny Ndakhulela efama emaXhoseni.
- Umphathi-werestyu Ndawoni?
- UJenny NgaseKomani.
- Umphathi-werestyu Oo, andiwazi loo mhlaba. Mna ndikhulele phesheya kweNciba. Heke, mandibalule **nomphokoqo, umngqusho, umfino, imutton stew nolusu.**
- UPeter Ndilibe, yintoni **umphokoqo** kanye?
- Umphathi-werestyu Ngumgubo wombona ophekiweyo.
- UPeter Oo, ewe, ndiyakhumbula ngoku.
- UJenny Ngowuphi **umfino** wakho?
- Umphathi-werestyu Sisipinatshi netswele. Ndinganizisela into yokusela elixa nikhetha into yokutya? Kunjani **ngomqombothi, amarhewu** okanye **utywala.**
- UThemba Masingcamleni zonke! Sizisele nebhottle yewayini. Ungayivula?
- Umphathi Ngokuqinisekileyo!

The restaurant owner comes back with the open bottle of wine and asks whether they are ready to order.

- Umphathi-werestyu Nilungele uku-odola? Senikhethile?
- UThemba Hayi, asikakhethi. Sisacinga.
- Umphathi-werestyu Kulungile, ndiza kubuya emva kwexeshana.
- UJenny Kanene, Mnumzana, liphi igumbi lokuhlambela?
- Umphathi-werestyu Ndilandele, ndiza kukubonisa.
- UJenny Enkosi. Ndixoleleni kancinci.
- Abanye Kulungile.

When Jenny comes back they order and after a while their meal arrives.

- Umphathi-werestyu Naku ukutya!
- UJenny Mm, kunuka mnandi! Kujongeka mnandi kanjalo!
- Umphathi-werestyu Heke, ndiyathemba ukuba niza konwabela ukutya kwenu!

They finish the meal.

- Umphathi-werestyu Ingaba nitye kamnandi?
- Abahlobo Kakhulu!
- UJenny Ndingathanda ukufumana iresiphi yakho **yomngqusho** ukuba asilohlebo?
- Umphathi-werestyu Ndiza kukucelela kumpheki.
- UJenny Ndiyabuyela.
- Umphathi-werestyu Heke, kunjani ngesimuncumuncu?
- Abahlobo Enkosi kakhulu kodwa sonke sanele!
- UThemba Singayifumana i-bill ngoku?
- Umphathi-werestyu **Utsho endodeni!**

Isigama

iziko	hearth	isipinatshi	spinach
itafle	table	itswele	onion
ngokuqinisekileyo	certainly	elixa	while
-landela	follow someone	-ngcamla	taste
uluhlu	menu	-odola	order
-cebisa	advise, recommend	asikakhethi	we haven't chosen yet
isipeshali	speciality	-cinga	think
-suka	come from (lit. to go out from)	igumbi lokuhlambela	bathroom
phesheya	on the other side of / beyond	ndixoleleni	would you excuse me?
kweNciba	the Kei River, i.e. Transkei	-onwabela	enjoy something
-balula	select, pick out	asilohlebo	it isn't a secret
umgubo	flour	ihlebo	a secret
umbona	maize	isimuncumuncu	dessert
-phekiweyo	cooked		(lit. something sweet)
		-anele / -onele	enough

IZIKO

ULUHLU LOKUTYA

Izidlo zokuqala

Inkoko zethanga ezojiwe
namandongomane

Isigezenga

Isonka samanzi

Umphokoqo

Starters

Roasted pumpkin pips
and roasted groundnuts

Steamed green mealie balls

Soft freshly steamed bread

Crumbly mealie meal
porridge with sour milk

Isipheko Esikhulu

Idubhayi

Imithwane

Umngqusho

Umfino

Ithanga

Imifino

Ulusu

Umkhupha

Main Course

Bean & Mealie Stew

Pumpkin Runner Stew

Samp & beans

Spinach & Onion Stew

Boiled Pumpkin

Stewed Greens

Tripe

Porridge of Maize & Beans
with Meat

Isimuncumuncu

Isaladi yeziqhamo
ne-ayisikhrim

Dessert

Fruit salad & ice cream

Cultural background

'I am very fond of this sour milk, which is known as *amasi* among the Xhosa people and is greatly prized as a healthy and nourishing food. It is very simple to make and merely involves letting the milk stand in the open air and curdle. It then becomes thick and sour rather like yogurt.'

(Nelson Rolihlahla Mandela, *Long walk to Freedom*, p. 266,
Randburg MacDonald Purnell, 1994)

Some traditional dishes (Izidlo zakwaNtu)

The most popular dish, in its numerous forms, is porridge: porridge made of sorghum – *amazimba* – (indigenous to Africa) and maize / mealie – *umbona*– (pl. *imimbona*) which was introduced to Southern Africa via Western and Central Africa from South America by Portuguese navigators. The word 'mealie' is derived from the Portuguese word for sorghum, 'milho' (cf. Renata Coetzee, *Funa*, Heinemann, Johannesburg, p. 66).

isidudu

thin mealie meal porridge (2,5 parts of water, 1 part of meal)

or

sweet milk porridge (1 part ground green mealies, 6 parts fresh sweet milk)

umqa

thick mealie meal porridge mixed with pumpkin (2 parts meal, 1 part water)

umphokoqo

crumbly mealie meal porridge (4 parts of meal, 1-2 parts of water)

CEREAL AND VEGETABLE MIXES

umqa wethanga / ingubela

1 medium pumpkin, 250 ml mealie meal

umxhaxha

5 parts pumpkin, 2 parts green mealies

umfino / umqubela / isigibane

greens and mealie meal

LEGUME DISHES

Umngqusho

samp (crushed maize) and beans

Umngqusho

Ingredients

125 g beans, soaked overnight
125 g samp, soaked overnight
500 g brisket, cut into cubes
1 onion, chopped
2 tomatoes, chopped
1 green pepper, chopped
salt, pepper, lemon juice to taste

Method

Cook the beans and samp for approx. 3 hours. Brown meat and onion, add salt, pepper and water to cover and simmer until almost done. Add onion, tomato and green pepper and simmer till the ingredients are cooked. Mix with the *umngqusho*, add lemon juice to taste, heat through and serve.

(Renata Coetzee, Funa, p. 159)

ooo0ooo

'Ukutya kwethu thina maXhosa ngumbona esithi siwenze umngqusho, isidudu, isonka, amarhewu, utywala ukanti abakwaZulu bathanda irayisi kakhulu. [...] Kwezinye indawo yenziwa ngumgubo wamazimba.'

(K.S. Bongela; *IPhulo*, Maskew Miller Longman, 1977)

ooo0ooo

'This same veld offered grazing for our livestock and yielded *umfino*, wild spinach, to our mothers, in rich variety [...]

I do not remember ever being desperately hungry as a child. No. There was always more than enough to eat. New mealies cooked on the cob, dry mealies cooked with beans, mealies roasted, mealies stamped and broken into bits, mealies crushed and ground to powder; pumpkin as vegetable, pumpkin mixed with mealie-meal, other squash, eggs, fruit, sour milk, milk fresh foamy warm, straight from the udder; garden vegetable, wild vegetable, *amazimba*, and a host of other delectable eatables. Such variety; such ready availability.'

(Sindiwe Magona, *To My Children's Children*,
David Philip Publishers, 1990)

How to ...

Ask for a table for the appropriate number in your party

Unayo itafile yabantu ababini / abathathu / abane / abahlanu?
Singafumana itafile yabantu abane?

Ask for a particular table

Singafumana itafile ngasefestileni?

Ask for a menu

Singafumana uluhlu lokutya / imenyu?
Singafumana uluhlu lokusela?

Ask what is recommended / special

Ubalula ntoni?
Ucebisa ntoni?
Ucebisa sikhethi ntoni na?
Yintoni isipeshali sanamhlanje?
Unesidlo esisodwa namhlanje?

Excuse yourself from the table

Ndixolele kancinci.

Comment on your food

Kujongeka mnandi.
Kunuka mnandi.
Kumnandi.

Ask for the bill

Singayifumana i-bill?

How it works

1 Two nouns in possessive relationship in many words to do with food, having meals, etc.

<i>inyama yenkomo</i>	beef (lit. meat of cow)
<i>inyama yegusha</i>	mutton / lamb (lit. meat of sheep)
<i>inyama yenkuku</i>	chicken (lit. meat of chicken)
<i>inyama yehagu</i>	pork (lit. meat of hog)
<i>ukutya kwaselwandle</i>	sea food (lit. food of the sea)
<i>isuphu yenkuku</i>	chicken soup
<i>isuphu yetumato</i>	tomato soup
<i>isonka samasi</i>	cheese (lit. bread of sour milk)
<i>isidlo sakusasa</i>	breakfast (lit. meal of early morning)
<i>isidlo sasemini</i>	lunch (lit. meal of midday)
<i>isidlo sangokuhlwa</i>	dinner, supper (lit. meal of the evening)
<i>igumbi lokutyela</i> (<i>indlu yokutyela</i>)	dining room (lit. room of eating (for))
<i>itafle yokutyela</i>	dinner table
<i>ilaphu letafle</i>	tablecloth
<i>uluhlu lweziselo</i>	beverages
<i>uluhlu lwewayini</i>	wine list

2 More about verbal extensions

The causative infix '-z-' instead of '-is-' (cf. Unit 4.6) is used in the following verbs ending in '-la':

Ndiyakhumbula ngoku.	I remember now.
Indikhumbuza ubuntwana bam.	It reminds me of my childhood. (lit. it makes me remember)
Khathalela impilo yakho.	Care for your health.
Musa ukuzikhathaza.	You must not worry (yourself) .
Ndiza kuphumla ixeshana.	I'm going to rest for a while.
Ziphumze ixeshana.	Rest (yourself) for a while.

The stative or neuter infix '-ek-'

This infix indicates a state or condition without referring to the agent causing that condition similar to the passive voice. The English equivalent would be 'be (do) -able' or 'can be' (done):

Iyavuleka le festile?	Is this window openable ?
	Can this window be opened?
Ifumaneka lula inyama?	Is meat readily obtainable ?
-thanda love	-tya eat
-thandwa be loved	-tyiwa be eaten
-thandeka be lovable	-tyeka be edible
-funda read	-funa need / want
-fundwa be read	-funwa be wanted
-fundeke be legible	-funeka be desirable

There are a number of verbal forms ending in '-ekile' which correspond to English 'to be' + adjectives (cf. Unit 5.6):

Ndiqinisekile.	I am certain .
Ndixakekile.	I am busy .
Sikhululekile.	We are free .
Kubalulekile.	It is important .

In some instances, verbs with '-ek (ile)' or '-w-' seem to be interchangeable:

Kushiyeka ukutya okuninzi.
Kushiywe ukutya okuninzi.
(Much food is **left over**.)

'jongeka' < 'jonga' (< 'look') is literally translated as 'looked at as':

Kujongeka mnandi.

3 Infix '-ka-' with verb in the negative = 'not yet'

Asikakhethi.	We haven't chosen yet .
Andikazi.	I don't know yet .
Asityi ilanga lingekatshoni.	We don't eat before sunset. (lit. before the sun has not yet gone down)
Andikalifumani ixesha lokuphumla.	I have not yet found time to rest.

'Ukuba akukayi
emaMpondomiseni
mfundi, akukawaboni
amaAfrikakazi amahle.'
(A.C. Jordan)

If you **have not yet** been to the
land of the Mpondomise,
reader, you have **not yet** seen
beautiful African women.

How to apply it

1 Give the negative

- (a) Ukutya kumnandi.
- (b) Ndinambitha (*enjoy*) ukutya.
- (c) Isonka sinencasa.
- (d) Ndithanda inyama.

2 Answer the question 'How are you?' in a typical Xhosa way

Remember, this involves saying something along the lines of 'I am well except for ...'.

- (a) Ndiphilile ngaphandle _____ (being very hungry).
- (b) _____ (being very thirsty).
- (c) _____ (the work).
- (d) _____ (the weather).
- (e) _____ (too much studying).

3 Give the opposite description

- (a) Imifuno mitsha kakhulu: _____
- (b) Ii-apile zimuncu (sour): _____
- (c) Isuphu inetyuwa kakhulu: _____
- (d) Ndithanda isonka esimdaka: _____
- (e) Ndikhetha ukusela iwayini ebomvu: _____
- (f) Iitapile zishushu: _____

4 Ask

- (a) Do you have a table for two? _____
- (b) Do you have a table for three? _____
- (c) Do you have a table for four? _____
- (d) Do you have a table for five? _____

5 Ask the waiter

- (a) whether you can sit outside _____
- (b) to bring the menu _____
- (c) whether you can order now _____
- (d) whether you can have red wine _____
- (e) whether you can have vegetables / fruit _____

6 Ask the waiter for something

(Start the sentence off by saying 'Ndingafumana':)

- (a) another slice of bread _____
- (b) another beer _____
- (c) another fork _____
- (d) another knife (imela) _____
- (e) another spoon _____
- (f) another teaspoon _____
- (g) another plate (ipleyiti) _____
- (h) another cup of tea _____

7 English equivalents

You know that 'igumbi lokutyela' means 'dining room'. Can you guess the English equivalent of:

- (a) igumbi lokulala _____
- (b) igumbi lokuhlala _____
- (c) igumbi lokufundela _____

8 Match these Xhosalised words with the original Xhosa

- | | |
|---------------|---|
| 1 ibhlakfesi | (a) isonka samasi |
| 2 ilantshi | (b) uluhlu lokutya |
| 3 idinala | (c) indlu yangasese (lit. house of privacy) |
| 4 imenyu | (d) igumbi lokuhlambela |
| 5 itshizi | (e) isidlo sakusasa |
| 6 ibhafrum | (f) isidlo sangokuhlwa |
| 7 ithoyilethi | (g) isidlo sasemini |

9 You are asked what you would like

- (a) **for breakfast.** Say that you would like:
porridge; two slices of brown (lit. dark) bread; a soft-boiled (-thambileyo) egg; butter and jam (ijam).
- _____
- _____
- (b) **for lunch.** Say that you would like:
cold meat, salad (isaladi), a slice of white bread and a slice of cheese.
- _____
- _____
- (c) **for supper.** Say that you would like:
lamb, potatoes, vegetables, fruit.
- _____
- _____

10 List all the vegetables you will need to make the soup

Izithako zokupheka

500g yesuphu yenyama	1 ikomityi yeemboty zeswekile
yenkomo	1 itoti yesuphu yetumato okanye
1 itswele elikhulu	isuphu yemifuno
3 iikomityi zeminqathe	½ ikomityi yerhasi
1 ikomityi yeemboty ezintsha	intwana yetyuwa yegaliki
1 icephe letyuwa	2 iitispuni zepasili
½ itispuni yepepile	3 iitapile
1 ikomityi yee-ertyisi	

imifuno vegetables iimboty ezintsha green beans irhasi barley
iminqathe carrots iertyisi peas

11 Read the dialogue and answer the questions

- Umncedisi Molo, ndingakunceda ngantoni?
 UThandi Mm, iziqhamo zakho zijongeka zintle.
 Umncedisi Zitsha *krebhe*, Nkosikazi, ndiziphuthume ngokwam namhlanje ekuseni. Enye into, zitshiphu *bhe*!

- UThandi Ndiza kwenza isaladi yeziqhamo. Ndifuna ama-apile, amapere, ipayina, ii-orenji, iipesika neebhanana. Ezi bhanana ziseluhlaza. Unazo ezivuthiweyo?
- Umncedisi Nazi ezivuthiweyo, Nkosikazi.
- UThandi Enkosi. Iivatala zijongeka mnandi. Zidla malini?
- Umncedisi Zidla R7.00 Zimnandi zinamanzi kakhulu. Kunjani ngokungcamla?
- UThandi Enkosi. Ingantle loo nto. Mm, imnandi kakhulu. Ndiphe enkulu leya.
- Umncedisi Kunjani ngamakhiwane neediliya?
- UThandi Hayi, Mnumzana. Ezi ziqhamo zanele.
- Umncedisi Kulungile.
- (a) Kutheni uThandi efuna ukuthenga iziqhamo?
 (b) Uthenga eziphi iziqhamo?
 (c) Zinjani iibhanana?
 (d) Injani ivatala?
 (e) Idla malini ivatala?
 (f) UThandi akathengi ziphi ziqhamo?

iziqhamo	fruit	ipere (ama-)	pear
ivatala (ii-)	watermelon	-tsha <i>krebhe</i>	very fresh
i-apile (ama-)	apple	-ngokwam	myself
idiliya (ii-)	grape	-phuthuma	fetch
ikhiwane (ama-)	fig	-tshiphu <i>bhe</i>	very cheap
ipayina (ii-)	pineapple	-vuthiweyo	ripe
i-orenji (ii-)	orange	-dla malini?	cost how much?
iipesika (ii-)	peach	-namanzi	juicy

12 A friend is helping you prepare a meal. Tell her/him what to do:

- (a) Please wash (-hlamba) the potatoes.
 (b) Don't take the big potatoes, take the small ones.
 (c) Peel (-chuba) two onions and an apple.
 (d) Chop (-nqunqa) the onions and the pumpkin.
 (e) Grate (-tshweza) the carrots.
 (f) Wash the lettuce (iletisi) leaves and the tomatoes.
 (g) Bring some dishes (izitya).

- (h) They are in the cupboard (ikhabhathi) above the sink (isinki).
- (i) Open the tin.
- (j) Open this one as well.
- (k) Please set (-lungisa) the table.

13 Writing an invitation

Try to write the appropriate invitation that would have elicited the following answer:

Nomsa othandekayo,

Ndiyabulela kakhulu ngencwadi yakho nangokundimema. Kuza kuba mnandi ukutya isidlo sangokuhlwa nawe. Ndiyazi ukuba ungumpheki wenene ngakumbi kwizidlo zakwaNtu.

Sobonana ngoMgqibelo ke. Undibulisele kubazali bakho.

Bayeza na nabo ekhayeni lakho ngoMgqibelo?

Ngolukhulu uthando Nomvuyo.



NEW AFRICAN CUISINE. Traditional dishes with a modern twist is what party people get when they hire the catering services of **Ubusuku Be-Afrika!** If you are planning a real African party, they will bring along a praise singer, sangoma, artists and a township band to dinner. *Cape Times*, 23/10/98.

14 Ukuthenga impahla nezinto yinto zakwaNtu zesiNtu

Buying clothes and various African arts and crafts

In this unit you will learn how to:

- marvel at something
- discuss size
- ask about colour preference
- compliment someone on their appearance
- discuss price
- say something fits well
- offer a discount
- ask what payment is acceptable
- make more comparisons

Incoko

Peter and Jenny want to buy some Xhosa handicrafts and traditional clothes.

- UJenny Tyhini! Khawujonge nje zonke ezi zinto zintle! Iinkukho ezolukiweyo, imilengalenga yodonga, izinto zodongwe, iingobozi nyene impahla. Kuza kuba nzima ukukhetha!
- UMncedisi Molweni, ndinganinceda?
- UJenny Inene, ivenkile yakho intle kakhulu! Ndiyazi, ndiza kuchitha imali eninzi namhlanje!
- UMncedisi Enkosi kakhulu. Ningathanda ukujonga kuqala?
- UJenny Ingantle loo.
- UMncedisi Ndibizeni ukuba nifuna uncedo okanye nifuna ukwazi nto.
- UJenny Kulungile, Nkosikazi. Mna, ndingathanda ukuqala ngokujonga iilokhwe nemibhinqo.
- UPeter Lo ngumlengalenga wodonga phaya koluya donga, mhle, Nkosikazi.
- UMncedisi Owuphi, Mnumzana?

- UPeter Lo ubonisa umfazi otshaya inqawa. Wenziwa phi?
 UMNcedisi Wenziwa ngabafazi bale ndawo.
 UPeter Yimalini, nkosikazi?
 UMNcedisi Ngelishwa le milengalenga yodonga idla imali eninzi kule mihla kuba kaloku yolukwe ngesandla yaye yeyoboya beseyibhokwe.
 UPeter Ndiyeve.

Jenny emerges from the changing room.

- UMNcedisi Mm! Ufanelekile, Nkosikazi! Intle kakhulu loo lokhwe! Iyakufanela kunjalo nje!
 UJenny Ewe, kodwa ngathi inobuncinci. Nceda, Nkosikazi, ndiphathele enye enkulu kunale.
 UMNcedisi Kulungile, ndiza kubona. Eyiphi isayizi?
 UJenny U36.
 UMsebenzi Ungathanda owuphi umbala?
 UJenny Yiza nelubhelu okanye ebomvu.

The assistant returns with a bigger size.

- UMNcedisi Ngelishwa sinemhlophe nentsundu neluhlaza kuphela kwisayizi yakho, Nkosikazi.
 UJenny Kulungile ke, ndiza kulinganisa le intsundu.
 UJenny Heke, indilingana *twatse*! Ndiza kuyithenga! Idla malini, Nkosikazi?
 UMNcedisi Ukuba uthenga ilokhwe nombhinqo ndingalihlisa ixabiso. Ziza kudla R225 zombini.
 UJenny Kulungile. Ndiza kuzithenga zombini kodwa andiqinisekanga ukuba ndinemali eyaneleyo. Uyalamkela ikhadi?
 UMNcedisi Sukuxhala, Nkosikazi. Samkela imali, itsheki nekhadi.
 UJenny Kulungile kuba ndisafuna ukuthenga nezinye izinto njengezodongwe neengobozi, ngakumbi namaso.
 UMNcedisi Utsho ukuthi izihombiso-mzimba ezenziwe ngeentsimbi. Amaso makhulu kuneentsimbi, Nkosikazi!
 UJenny Kakade! Ndilibele!
 UMNcedisi Ufuna ntsimbi zini? Ezomqala okanye ezengalo? Uyazithanda zona ezamaqatha?
 UJenny Yho! Zonke zintle kakhulu! Kwakhona kuza kuba nzima kum ukukhetha! Jonga yonke le mibala ngemibala!
 UMNcedisi Kulungile, Nkosikazi, thatha ixesha lakho!

Isigama

tyhini!	gosh!	ufanelekile	you look very smart
linkukho	mats		(lit. it becomes you)
-olukiweyo	woven	iyakufanela	it suits you
imilengalenga	hangings	inobuncinci	it's small
udonga	wall	-phathela	bring (for)
izinto zodongwe	pottery	eyiphi isayizi?	which size?
	(lit. things of clay)	owuphi umbala?	which colour?
lingobozi	baskets	-linganisa	try on
nenye impahla	and other goods	-lingana <i>twatse</i>	fit <i>perfectly</i>
-chitha	spend (also, waste)	-hlisa / -ghlisa	reduce
uncedo	help	ixabiso	price
ilokhwe	dresses	zombini	both
imbhinqo	skirts	-amkela	accept
owuphi?	which one?	itsheki	cheque
umfazi	woman	amaso	big beads
-tshaya	smoke	utsho ukuthi	you mean
inqawa	pipe	izihombiso-mzimba	jewellery made from
yimalini?	how much is it? (lit. it is what money?)	ezenziwe ngeentsimbi	beads
		-khulu ku-	bigger than
-dla	cost (lit. eat)	iintsimbi	smaller beads
uboya	wool	ntsimbi zini?	what kind of beads
yeyoboya	it is of the wool	ezomqala (of the neck)	necklace
beseyibhokhwe	being of goats, i.e. mohair	ezengalo (of the arm)	bracelet
		ezamaqatha (of the ankles)	anklets
ibhokhwe	goat		

How to ...

Marvel at something

Tyhini! **Khawujonge** nje zonke *ezi zinto zintle!*
Jonga yonke *le mibala ngemibala!*

Discuss size

Eyiphi isayizi?
 Ngathi inobuncinci / inobukhulu.
Ndiphathele enye enkulu kunale / enye encinci kunale.

Ask about colour preference

Owuphi umbala?

Eliphi ibala?

Compliment someone on their appearance

Ufanelekile!

Intle kakhulu loo lokhwe! Iyakufanela kunjalo nje!

Say something fits well


Ilingana twatse leyo!

Offer a discount

Ndingalihlisa ixabiso.

Ask what payment is acceptable

Uya/amkela ikhadi?



How it works

1 Superlative and comparison

In Unit 9.4, you were introduced to the **superlative pronoun**:

oyena mntu <i>ulungileyo</i>	the best person
elona xesha <i>lilungileyo</i>	the best time
eyona nto / ndawo <i>ilungileyo</i>	the best thing / place, etc.

Another way of expressing the **superlative** is by using **kuna-** + emphatic pronoun + **-onke**:

Ukhuthele kunabo bonke .	He / she is the most diligent of them all .
Intle le lokhwe kunazo zonke .	This is the niciest dress of them all .

You can also express it with **ngaphezu kwa-** + **-onke**:

Ndithanda le milengalenga yodonga ngaphezu kwento yonke .	I like these wall hangings best of all (things).
--	--

You can make **comparisons** by using '**kuna-**' = '**... than**':

Ilokhwe ebomvu inkulu kunelokhwe emhlophe .	The red dress is bigger than the white one.
Loo lokhwe inkulu kunale .	That dress is bigger than this.
Iingxowa yakho inkulu kunengxowa yam .	Your bag is bigger than my bag.
Eyakho inkulu kuneyam .	Yours is bigger than mine.
Wena unemali eninzi kunam .	You have more money than me (I do).
UJenny unemali eninzi kunoPeter .	Jenny has more money than Peter.
Uchitha imali eninzi kunaye .	She spends more money than he does.

Another way of expressing comparison is by using '**ngaphezu kwa-**' = '**more ... than**':

Ilokhwe entsundu idulu ngaphezu kwelokhwe ebomvu .	The brown dress is more expensive than the red one.
UJenny uchithe imali eninzi ngaphezu koPeter .	Jenny spends more money than Peter.

Sahamba **ngaphezu kweeveki** ezimbini.

We travelled for **more than** two weeks.

You can also use '-ngcono kuna-' = 'better than':

Lo mgaqo **ungcono kunalowo**. This road is **better than** that (road).

'njenga-' is used for an equal comparison 'as ... as':

Ilokhe ebomvu **idulu njengemhlophe**. The red dress is **as expensive as** the white one.

Loo lokhe **idulu njengale**. That dress is **as expensive as** this (one).

Ixesha lam linexabiso **njengexesha lakho**. My time is **as precious as** your time.

Ixesha lam linexabiso **njengelakho**. My time is **as precious as yours**.

Unemali **eninzi njengam**. You have **as much** money as me (I do).

UJenny unomsebenzi **ominzi njengoPeter**. Jenny has **as much** work as Peter.

Usebenza kakhulu **njengaye**. She works **as much** as he does.

To express 'a few more' you can use '-nye':

Kufuneka ndithenge **ezinye izipho**. I need to buy **a few more** gifts.

To express 'as soon as' '-kangangoko' is used:

Yiza kamsinya **kangangoko** unakho. Come **as soon as** you can.

2 Various ways of expressing 'much'

kakhulu (adverb) **very / much / very much**
Ndiyayithanda **kakhulu**. I like it **very much**.

gqitha **very / too much / so**
Inencasa **gqitha!** It's **too** delicious!

kangaka / kangako **so much**
Hayi sukuthetha **kangaka!** Don't talk **so much!**

kangangoko **as much as**
Thenga **kangangoko** unakho. Buy **as much as** you can.

-ngakanani na?

how much?

Ufuna imali **engakanani?**

How **much** money do you need?

kangangokuba (conjunction)

so much so that

Usithetha njengomXhosa

She speaks it (Xhosa) like a Xhosa

isiXhosa **kangangokuba**

so much so that she teaches it.

uyasifundisa.

-ninzi (adjective)

much

Ufuna imali **eninzi?**

Do you need **much** money?

3 The Xhosa equivalent of English 'both' (of)

The corresponding forms for the 1st and 2nd person plural are:

sobabini

both of us

nobabini

both of you

bobabini

both of them

The corresponding forms for the noun classes (obviously only the plural classes) are:

yomibini imilengalenga

both curtains

omabini amacici

both earrings

zozibini izandla

both hands

zombini izinto

both things

Note: An expression often heard when saying thank you: Ndibamba ngazo **zozibini**. (lit. I hold with **both** (hands).)

From the last set of examples you will see that these forms consist of class concord + o + adjectival concord + numeral stem -bini:

s- + o- + **ba-** + -bini: **sobabini**

b- + o + **ba-** + -bini: **bobabini**

To express, for example, 'the three of us, the four of you, the five of them', etc., **numeral stems 3-6** (adjectives) are used in the same way:

sobathathu the **three** of us **nobane** the **four** of you

bobahlanu the **five** of them **omathandathu** the **six** of them

(**abantwana**) (**amadoda**)

4 More possessive adjectives

In Unit 2.8, you learnt that the **possessive adjectives** of the 1st and 2nd persons (s. and pl.), i.e. 'my'; 'our'; 'your' follow the nouns to which they refer and consist of **two parts** (**possessive concord** representing 'of' which changes according to the noun possessed and a **second element** which does not change):

<i>umsebenzi wam</i>	<i>ikhaya lam</i>	<i>imali yam</i>
<i>umsebenzi wethu</i>	<i>ikhaya lethu</i>	<i>imali yethu</i>
<i>umsebenzi wakho</i>	<i>ikhaya lakho</i>	<i>imali yakho</i>
<i>umsebenzi wenu</i>	<i>ikhaya lenu</i>	<i>imali yenu</i>

The formation of **possessive adjectives** of the 3rd person (s. and pl.) 'his' / 'her' 'its' / 'their' is quite simple when 'his' / 'her' 'its' refer to nouns of Classes 1/1a and 'their' refers to nouns of Classes 2/2a:

'his' / 'her' / 'its'

<i>umsebenzi wakhe</i>	<i>ikhaya lakhe</i>	<i>ubuso bakhe</i>
(her work e.g. <i>umongikazi</i>)	(his home e.g. <i>UThemba</i>)	(its face e.g. <i>unopopi</i>)

'their'

Kulunge kakhulu ukufunda	It is very good to learn
iilwimi zabanye <i>abantu</i>	the languages of other people
kuba ngaloo ndlela	because in that way
umntu uzuza ulwazi	a person gains knowledge
<u>ngemo-ntlalo yabo*</u>	of their way of life
<u>nezithethe yabo*</u> nokuba	and their customs and what
bangabantu abaluhlobo luni na.	sort of people they are.

*< emphatic pronoun 'bona' minus 'na' referring to 'abantu'.

→ cf. Unit 9.3.

However, when it comes to formulating the **possessive adjective** referring to nouns of **other classes** it is a little more challenging because of the many possible combinations of **possessive concord** and **emphatic pronoun**.

Do you remember the idiom 'Indlovu ayisindwa ngumboko wayo'. (lit. The **elephant** is not burdened by **its** trunk) i.e. No-one ever finds his natural responsibilities too burdensome:

<i>wa-</i>	is the possessive concord of 'umboko' (Class 3)
<i>-yo</i>	< emphatic pronoun referring to 'indlovu' (Class 9)

5 Possessive pronouns 'mine', 'yours', etc.

The **possessive pronouns** are formed by prefixing *a-*, *e-* or *o-* to the **possessive adjectives** (cf. Unit 2.8):

Mine	Yours	Ours	(Referring to)
<i>owam</i>	<i>owakho</i>	<i>owethu</i>	(<i>unyana / umbhinqo</i>)
<i>abam</i>	<i>abakho</i>	<i>abethu</i>	(<i>abantwana</i>)
<i>eyam</i>	<i>eyam</i>	<i>eyethu</i>	(<i>imibhinqo</i>)
<i>elam</i>	<i>elakho</i>	<i>elethu</i>	(<i>ikhadi</i>)
<i>awam</i>	<i>awakho</i>	<i>awethu</i>	(<i>amakhadi</i>)
<i>esam</i>	<i>esakho</i>	<i>esethu</i>	(<i>isandla</i>)
<i>ezam</i>	<i>ezakho</i>	<i>ezethu</i>	(<i>izandla</i>)
<i>eyam</i>	<i>eyakho</i>	<i>eyethu</i>	(<i>ilokhwe</i>)
<i>ezam</i>	<i>ezakho</i>	<i>ezethu</i>	(<i>ilokhwe</i>)

In the same way you can form:

<i>owenu</i>	yours (pl.)
<i>owakhe</i>	his / hers
<i>owabo</i>	theirs

6 More about ideophones (izifanekisozwi)

You were first introduced to this distinctive feature of the Xhosa language in Unit 5. **Ideophones** occur not only in the spoken but also in the written language. They can be used to emphasise intensity of colour and are often onomatopoeic to indicate movement, action, state, sound, etc. They are mainly used with the verb 'ukuthi' which has no meaning of its own but simply marks the mood (i.e. indicative, imperative, subjunctive, participial), tense, person, class, number, positive or negative of the predicate, while the **ideophone** carries the meaning:

<i>ukuthi tu</i>	be silent	<i>Yithi tu!</i>
<i>ukuthi shwaka</i>	disappear	<i>Ilanga lithi shwaka!</i>
<i>ukuthi cwaka</i>	calm down	<i>Umoya wathi cwaka.</i>
<i>ukuthi thu</i>	appear suddenly	<i>Kwathi thu amafu.</i>
<i>ukuthi hlasi</i>	grab	<i>Wajika wamathi hlasi.</i>
<i>ukuthi vu</i>	sit down	<i>Ndixakeke andinaxesha</i>
		<i>lokuthi vu.</i>
<i>ukuthi ncwaba</i>	lie very still	<i>Lala uthi ncwaba.</i>

Ideophones also occur with other verbs in which case the verb retains its original meaning while the **ideophone** functions as an **adverb**:

-bheka ngqo	go straight	Bheka ngqo endleleni.
-buya ngqo	come straight back	Ababuyanga ngqo.
-thetha ngqo	talk straight out	Thethani ngqo.
-ma nkqo	stand up straight	Yima nkqo!
-funda nkqi	learn quickly	Abantwana bafunda nkqi.
-lala yoyi	fall fast asleep	Walala yoyi.
-phila qete	completely well	Ndiphile qete ngoku.

Ideophones also occur with **descriptives** other than colours:

Iziqhamo zitsha krebhe!
Iziqhamo zitshiphu bhe!

→ cf. Unit 13.

Some **ideophones** function as adverbs:

gqitha	very / too much	Intle gqitha le lokhwe!
mpela	at all	Andiphilanga mpela.
qha	only	Ndifuna ilokhwe enye qha.
qho	continually	Imvula ina qho namhlanje.
tu	at all	Andilalanga tu phezolo (last night).
	absolutely	Kuthe cwaka tu. (It is <i>absolutely</i> silent.)
	completely	I-emele izele ithi tu ngamanzi. (The bucket is <i>completely</i> full of water.)

Another **ideophone** for expressing 'completely' is 'shici' used mostly in the sense of 'to forget *completely*':

Ithe shici kum.	I had <i>completely</i> forgotten.
Enkosi ngokundikhumbuza sendilibele shici.	Thanks for reminding me , I had <i>completely</i> forgotten.

Ideophones can be used in many contexts to express:

temperature

futhu	very warm / excited
Lithi futhu kwelanga!	It is very warm!
ceke	icy (cold)
La manzi abanda ceki!	This water is icy!

state of mind

nqa	astonishment
Ndithe nqa!	I was <i>astonished</i> !
qabu	be relieved
Ndithe qabu!	I was very <i>relieved</i> !

sudden appearance / disappearance

gqi	sudden appearance
Uthe gqi!	He appeared <i>unexpectedly</i> !
shwaka	sudden disappearance
Ilanga lithe shwaka.	The sun <i>suddenly</i> disappeared.
thu	sudden appearance
Wathi thu!	He <i>suddenly</i> appeared!

positions and directions

zwi	stretched out
Naba zwi!	Lie stretched out!
nkqo	straight up
Yima nkqo!	Stand up straight!

The vividness of **ideophones** is well illustrated when you compare the following two sentences. They describe someone running into a house, grabbing a child, running out to a car, getting into it and leaving:

Wabaleka wangena endlwini wathatha umntwana waphuma ebaleka wangena emotweni wahamba.	Wabaleka <i>dyulukudu</i> endlwini, hlasi umntwana, gqi phandle, ngqe, khatha emotweni, watsala!
---	--

Some **ideophones** taken from **Sindiwe Magona's** autobiography *Kubantwana Babantwana Bam* (Cape Town, David Philip, 1995):

'UMhla weNkosi yayingumhla onocoselelo; uthe tse yaya ungakhululanga konke. (p.26)	The Day of the Lord was a careful day; <i>correct</i> (straight) and thoroughly ill at ease.
Thina babengazange baya nkqu kuTsolo.' (p.28)	We had not <i>even</i> been to Tsolo.
'Ngomhla weKrisimesi wonk' umntwana wayenxiba impahla yeKrisimesi, intsha kraca ...' (p.75)	On Christmas Day every child wore <i>brand new</i> 'Christmas clothes'.

- Ndinga_____fumana phi amacici?
- Ndinga_____fumana phi iingobozi?
- Ndinga_____fumana phi imibhinqo?
- Uya_____thengisa iminqwazi? (*hats*)
- Uya_____thengisa izinxibo zakwaNtu?

2 A shop assistant needs to know 'which'

- (a) Ufuna _____ umbala?
 (b) Ufuna _____ isayizi?
 (c) Ufuna _____ izihombiso-mzimba?
 (d) Ufuna _____ ingobozi?
 (e) Ufuna _____ amacici?

3 Read the text and answer the questions

EZAKWANTU

Nantoni na eyenziwe ngeentsimbi
 Siziincutshe zezakwaNtu

Sithengisa iimpahla, oonopopi, iinqawa, iingxowa, imilengalenga yodonga, iimagi ezihonjiswe ngeentsimbi, amatsheyini eendondo, iintsimbi zomqala, ezengalo, ezamaqatha njalo, njalo.

Kuphela sifowunele: Siza kukwenzela zonke izinto ngakumbi ezeentsimbi okanye ke ngaphandle kweentsimbi!

- (a) What kind of text is it?
 (b) What is the active form of '-honjiswa'?
 (c) Fill in the correct form of the possessives:
 ixabiso _____ nopopi; ixabiso _____ nqawa (pl.);
 ixabiso _____ ngxowa
 (d) There are two nouns adopted from English. What are they?

4 Read the dialogue and answer the questions

(You might need to consult the Xhosa-English vocabulary.)

- A Molo, Nkosikazi. Uthengise izinxibo zakwaNtu na?
 B Hayi, ndilusizi, ziphelile. Ndizithengise kakhulu. Zifunwa gqitha kule mihla.
 A Uyazi uza kuzifumana nini kwakhona?
 B Ngelishwa andazi. Mhlawumbi kule nyanga izayo.
 A Andizi kuba kho kule nyanga izayo. Ndiza kubuyela apha kulo nyaka uzayo. Andihlali apha.
 B Uvela phi?
 A Ndivela eKapa.
 B Oo ndiyabona. Mhlawumbi kukho enye into oyingwenelayo? Sinazo izihombiso-mzimba ezihle zakwaNtu. Sikwanazo neentlobo ngeentlobo zeengobozi ezintle.
 A Ndifuna iingobozi, enye enkulu nanye encinci noko.

- B Yiza ngapha ukhethe.
 A Ndiyasithanda kakhulu isihombo sale, kodwa inzima inkulu gqitha. Andinakuyiphatha.
 B Uyithanda njani le?
 A Intle. Ikhaphukhaphu. Ndifuna le. Yimalini?
 B Yi-R250.00.
 A Yhu, idulu kakhulu. Undibiza ixabiso eliqhelekileyo?
 B Kakade. Zonke izinto zidulu kule mihla.
 A Ungandibonisa le isekoneni. Ndiyayithanda. Ilula kunale. Isihombo sayo sihle kanjalo.
 B Le itshiphu kunale inzima.
 A Ndiza kuyithenga nale incinane. Ukuba ndithenga ezimbini uza kulihlisa ixabiso kancinci?
 B Ewe, Nkosikazi, ndiza kulihlisa nge 10%.
 A Ndiyabulela. Athini amaxabiso azo?
 B R280.00. Nantoni enye?
 A Hayi, kulungile.
 B Hamba kakuhle Nkosikazi. Sobonana kulo nyaka uzayo.
 A Kulungile.
 (a) Uvela phi umthengi?
 (b) Kutheni zingekho izinxibo zakwaNtu?
 (c) Umthengi uthenga ntoni endaweni yezinxibo?
 (d) Umthengisi ulihlisa ixabiso ngepesenti engakanani?
 (e) Umthengi ufuna ukubuyela nini evenkileni yezakwaNtu?

5 List the clothes usually worn by men and women

Use the following words: (a) ilokhwe, (b) iikawusi, (c) ibhatyi, (d) ibhatyi yemvula, (e) umnqwazi, (f) ihempe, (g) iqhina, (h) izihlangu, (i) ibhulukhwe, (j) ibhlawuzi, (k) isuti and (l) iqhiya.

- 1 Anxiba iimpahla eziphi
 amadoda?

2 Kunxitywa ntoni ngabafazi?

6 Buying a skirt

Fill in the missing relative concords to describe what kind of skirt you want to buy:

- (a) Ndifuna umbhinqo ____ namabala ____ ninzi.
 (b) Ndithanda amabala ____ qaqambileyo.
 (c) Andithandi mibhinqo ____ futshane gqitha.
 (d) Zange ndithenge mbhinqo ____ dulu gqitha, kodwa andithengi mibhinqa ____ tshiphu kanjalo. Ndithanda iimpahla zeempawu ____ (-hle; of good quality).

7 What goes with what?

Fill in the relative concords:

- (a) Ndicinga ukuba iblawuzi ____ mhlophe ihamba kakuhle nombhinqo ____ mnyama okanye ____ luhlaza?
 (b) Ucinga ukuba le lokhwe ____ bomvu ihamba kakuhle nebhathi ____ ntsundu?
 (c) Andicingi ukuba ezi zihlangu ____ lubhelu ____ kho (your) ziyahamba nebhulukhwe ____ pinki!

8 Use the comparative or superlative and say

- (a) Ndithanda iintsimbi zomqala nga ____ kwazo ____ onke izihombiso-mzimba.
 (b) Ndicinga ukuba le yeyona ngobozi ____ lungileyo.
 (c) Zihle ezi zihlangu kuna ____ onke.
 (d) Le lokhwe ____ ntle ____ luhlaza njengengca idulu kuna ____ luhlaza njengesibhakabhaka.

9 Characterise people by comparing them to certain animals

Use this list: ihlosi (leopard), inyosi (bee), ingonyama (lion), indlovu (elephant), undlebe < indlebe = ear + de = long (donkey).

- (a) Unamandla kuna- ____
 (b) Unamendu kuna- ____
 (c) Unenkani kuna- ____
 (d) Ukhuthele kuna- ____
 (e) Unzima kuna- ____

10 Change the above comparisons in Exercise 9 using 'njenga-'

- (a) ____
 (b) ____
 (c) ____
 (d) ____
 (e) ____

11 Read the text and answer the questions

ULindiwe Mabuza ngomnye (a) wamabhinqa anempumelelo (b) ebomini. Ungumyili nomthungi weempahla ophambili. Ungumnini we*Fashion Design Studio*. Igama lakhe laziwa gqitha kwezefashoni kweli (c) naphesheya. Ngo-1995 (d) wamenywa ukuba amele uMzantsi-Afrika Kwi'*Sun Europa Fashion Show*' eParis. Abantu baseFrance bazithanda gqitha iimpahla zakhe. Ungumlawuli nenqununu ye*Lindiwe Academy of Fashion Design*. Ufundisa abathungi abakhasayo (who are still novices Lit. still crawling). ULindiwe uthi (e) uyifumene impumelelo ngenxa yabantwana bakhe ebebesoloko bemkhuthaza. Ukholelwa ukuba 'Xa ufundisa umntwana, ufundisa ilizwe, xa utyebisa ibhinqa, utyebisa ihlabathi.'

- (a) What is another word for **ibhinqa**? You should know its derivation.
 (b) ebomini is a **locative**. What is the basic noun?
 (c) Which word could you insert here?
 (d) What is the **active** of this **passive** form?
 (e) What is the **infinitive**?
 (f) Find the four **copulative** forms and the three **object** concords in the text.

15 | linkathazo zohamho

Travel woes

In this Unit you will learn how to:

- ask for and give directions
- ask about and describe road conditions
- offer someone a lift
- express irritation at oneself
- express gratitude at someone's fortuitous arrival / presence
- say what is wrong with your car
- make arrangements for car repairs

Incoko

After making their purchases Jenny and Peter resume their journey but get lost and ask a passerby for directions.

UPeter Molo tata, kunjani?

Umhambi Molweni. Hayi, ndisatotoba, mfo wam!

UPeter Ungasinceda, bawo? Silahlekile. Ingaba le yindlela eya engcwabeni likaSandile?

Umhambi Hayi, nihamba ngendlela engeyiyo.

UPeter Siza kuyibamba phi ke ngoku eyiyo?

Umhambi Buyani umva ngalo mgaqo nize ngawo. Nakufika kwisiphambuka sokuqala, nilandele indlela yasekhohlo. Emva koko, hambani ngqo. Emva kwekhilomitha niza kubona isalathiso esithi 'Engcwabeni likaSandile'.

UPeter Injani indlela? Yindlela yetha?

Umhambi Hayi, yindlela yegrabile. Enye into, ilisongololo! Kukho enye indlela apha ngasekunene ekufutshane kunayo. Ngelishwa ayilunganga.

UPeter Enkosi kakhulu, tata, usincedile. Kanene, uya phi, tata? Ingaba singakukhwelisa?

Umhambi Hayi enkosi, ndilinde intombi yam apha.

They follow the shorter road and have a puncture!

UPeter Nx! Ivili ngebe lingagqabhukanga ukuba bendithathe umgaqo wetha!

UJenny Kusoloko kulula ukuqonda emva kwesithonga!

Luckily a passing motorist stops to give assistance.

Umqhubi Molweni, yintoni umonakalo? Ndinganinceda?

UPeter Molo Mnumzana. Ngathi ivili lam ligqabhukile. Ungandiboleka ujack? Ngelishwa owam uthe shwaka!

Umqhubi Hayi, ilishwa! Linda umzuzwana, ndiza kumkhupha ujack ebhuthini. Linomoya ivili lolaleliso?

UPeter Ngethamsanqa ndilimpompe izolo!

The good Samaritan helps Peter change the tyre.

UJenny Kwekhu, tshotsho ufike, Mnumzana!

UPeter Inene! Kambe ke, Mnumzana, ingaba ikhona igaraji ekufutshane? Ndiyoyika ngathi siza kuphelelwa yipetroli kamsinyane. Andiyiqondi le nto kuba ndiyizalise izolo itanki!

Umqhubi Ingaba kukho umngxuma etankini? Uyazi, yenzeka lula loo nto ezindleleni zasemaphandleni! Masikhangele!

UPeter Oo! ilishwa! Unyanisile! Inene, kukho umngxunyana ongame-ertyisi! Siza kuthini?

Umqhubi Hayi, mfondini, sukuxhala. Ukuba unayo isepha, ndiza kuwuvingca. Emva koko, ungaqhuba uye egaraji.

UPeter Igaraji ikude kangakanani?

Umqhubi Ikufuphi, ndilandele.

UPeter Nangamso, Mnumzana. Inene usincedile!

When they reach the garage Peter expresses his gratitude again. They exchange names and addresses before taking leave of each other. Peter then arranges for the petrol tank to be repaired.

Umkhandi Molo, ndingakunceda ngantoni, Mnumzana?

UPeter Molo, Mnumzana. Ngelishwa kukho umngxunyana kwitanki yepetroli yam. Ungayilungisa kwangoku?

Umkhandi Eh, ndinomsebenzi omninzi kodwa ndiza kuzama.

UPeter Oo ndiyabulela. Kuza kuthatha ixesha elingakanani ukwenza loo nto?

Umkhandi Mm, mandibone, malunga neeyure ezimbini.

- UPeter Ungandixelela, uza kubiza malini lo msebenzi?
 Umkhandi Kunzima ukutsho kanye, Mnumzana. Malunga neR350
 UPeter Kulungile, Mnumzana. Masiyishiye ke imoto. Sobonana mva!



Isigama

-totoba	totter along	-boleka	borrow / also lend
-lahleka	be lost	ujack	jack
ingcwaba	grave	umzuzwana	moment
indlela	the wrong road (lit. the	-khupha	take out
engeyiyo	road which is not)	ibhuthi	boot
-buya umva	turn back	ivili lolaleliso	spare wheel
umgaqo	road	kwekhu,	thank goodness
nakufika	when you arrive at	tshotsho ufike!	you arrived
isiphambuka	intersection	-phelelwa	used up completely
isalathiso	sign	umngxuma	hole
itha	tar	umngxunyana	small hole
igrabile	gravel	amaphandle	countryside, rural areas
ilisongololo	it's winding like a millipede	siza kuthini?	what are we going to do?
-khwelisa	give a lift	-ngange-ertyisi	like a pea
nx!	damn!	isepha	soap
-gqabhuka	burst	-vingca	close up
ukuqonda	to be wise	kangakanani?	how far?
emva kwesithonga	after an event	-lungisa	repair
isithonga	loud bang / report	-ngakanani?	how long?
umonakalo	trouble / damage	mva	later

How to ...

Ask for and give directions

- Ingaba le yindlela eya e _____?
 Siza kuyibamba phi ke indlela eya e _____?
 Uxolo ndingafikelela njani e _____?

Hambani ngqo.

Nihambe kwisiphambuka sokuqala, nilandele indlela yasekunene.

Buyani umva ngalo mgaqo.

Uphantse ufike! (You're nearly there!)

Ask about and describe road conditions

Injani indlela?

Ilungile.

Imbi.

Ayilunganga.

Yindlela yetha.

Yindlela yegrabile.

Indlela ilisongololo.

Yindlela ekufutshane.

Yindlela ekude kakhulu.

Offer someone a lift

Singakukhwelisa?

Express irritation at oneself

Nx! Nx!

Express gratitude at someone's fortuitous arrival/ presence

Kwekhu, tshotsho ufike!

Kwekhu, tshotsho ube kho!

Say what is wrong with your car

Ingathi kukho umngxuma etanki yepetroli.

Imoto yam yaphukile.

Imoto yam ixingile (stuck).

Imoto yam ayiqhwithi (won't start).

Imoto yam ifuna amanzi.

Imoto yam iphelelwe yipetroli.

Izibane azisebenzi.

Ibhetri yemoto yam iflethi.

Make arrangements about car repairs

Ungayilungisa kwangoku?

Kuza kuthatha ixesha elingakanani ukuyilungisa?

Ungayitsala imoto yam? (tow)

Uza kudla malini lo msebenzi?

Uza kuxabisa malini lo msebenzi?

How it works

1 Conditional constructions

Simple conditional clause:

You are already familiar with the **simple conditional clause** introduced by 'ukuba' = 'if':

Siza konga (sokonga) ixesha ukuba sithatha lo mgaqo wegrabile.	We'll save time if we take this gravel road.
--	--

Unfulfilled past condition

In order to express '... would (not) have ..., if ...' you use **ngebe** (past tense of **nga-** and **ba-**) + **ukuba** followed by the **participial ending in -e**:

Ivili ngebe lingaqabukanga ukuba bendithathe indlela yetha.	I wouldn't have had a puncture if I had taken the tar road.
--	--

Ngebe silahlekile ukuba ubungasibonisanga indlela.	We would have got lost if you hadn't shown <i>us</i> the way.
---	--

These forms can be contracted to:

Ngelingaqabukanga ...
Ngesilahlekile ...

2 Negative forms with '-nga-' and '-nge-'

Summary of where '-nga-' is used to form the **negative**:

Infinitive	Zama ukungaqhubi ebusuku. Try not to drive at night.
Subjunctive	Ungawuthathi <i>umgaqo</i> wegrabile. You should not take the gravel road.
Participial	Wahamba engathathi ndlela yetha. (lit. He left not taking the tar road.)
Relative	Nceda ulungise <i>izibane ezingasebenziyo</i> . Please repair the lights that are not working.

→ See Unit 6.3, Unit 6.5 and Unit 7.3 for revision of **other negative constructions**.

The negative infix '-nge-' is used with **relative stems**:

ivili elingenamoya	(lit. wheel <i>that</i> has no pressure) = flat tyre
indlela engeyiyo	(lit. the road <i>that</i> is not it) = wrong road

→ cf. Unit 11.2 – copulative of shortened **emphatic pronoun**.

3 How to express: 'I am not', 'you are not', 'we are not', 'he / she is not', 'they are not' + noun (copulative)

The **negative** of the **copulative construction** is formed from the **negative SC** + copulative '-ng-' + **o** + prefix minus initial vowel:

Andingomqhubi unamava.	I am not an experienced driver.
Asingobaqhubi banamava.	We are not experienced drivers.
Akungomqhubi mbi.	You are not a bad driver.
Aningobaqhubi banamava.	You are not experienced drivers.
Akangomqhubi ulungileyo.	He /she is not a good driver.
Abangobaqhubi balungileyo.	They are not good drivers.

'Asi-' can replace the negative SC in an impersonal statement:

Asingomgaqo ulungileyo.	It is not a good road.
Asiyomigaqo ilungileyo.	They are not good roads.
Asilocebo lihle elo.	It is not a good idea.
Asisqibhedlele sikhulu.	It is not a big hospital.
Asiyondlela ilungileyo.	It is not a good road.

4 How to express 'it is not me' / 'you' / 'us', etc.

'Asi-' is also prefixed to the copulative of **emphatic pronouns** to form the **negative** (cf. Unit 11.2). Look at these positives and negatives:

Ndim.	It is me .
Asindim.	It is not me .
Sithi.	It is us .
Asisithi.	It is not us .
Nguwe.	It is you (s.).
Asinguwe.	It is not you (s.).

Nini.	It is you . (pl.)
Asinini.	It is not you . (pl.)
Nguye. (umqhubi)	It is him / her.
Asinguye.	It is not him / her.
Ngabo. (abaqhubi)	It is them .
Asingabo.	It is not them .
Ngawo. (umgaqo)	It is it .
Asingawo.	It is not it , etc.
Yiyo. (indlela)	It is it , etc.
Asiyiyo.	It is not it , etc.

5 Negative forms of descriptives

In **Unit 8.1**, you saw that simply prefixing the subject concord to the relative stem forms the predicate:

Ndilusizi, imoto yam imdaka. I am sorry, my car is dirty.

To form the negative, simply prefix the **negative subject concord**:

Umgao awubanzi.	The road is not wide .
Imigaqo ayibanzi.	The roads are not wide .
Indlela ayibanzi.	The road is not wide .
Iindlela azibanzi.	The roads are not wide .

Negative forms of **adjectival stems** (cf. **Unit 8.1**), however, must **infix** the AC between the **negative subject concord** and the **adjectival stem**:

Umgao mhle.	The road is good .
Umgao awumhle.	The road is not good .
Imigaqo mitsha.	The roads are new .
Imigaqo ayimtitsha.	The roads are not new .
Indlela imbi.	The road is bad .
Indlela ayimbi.	The road is not bad .
Iindlela zimbi.	The roads are bad .
Iindlela azimbi.	The roads are not bad .
Isalathiso sincinci.	The sign is small .
Isalathiso asisincinci.	The sign is not small .

Note: In colloquial speech the **negative** form of descriptives (adjectives and relatives) will often be heard ending in ‘-anga’:

Umgao awumhlanga.	The road is not good .
Imigaqo ayimtitshanga.	The roads are not new .
Indlela ayimbanga.	The road is not bad .
Iindlela azimbanga.	The roads are not bad .
Akushushwanga namhlanje.	It is not hot today.

6 Interrogative adjective ‘-ni?’ = ‘of what sort / kind?’

This construction may be used with reference to new-born babies and animals to find out whether they are male or female:

Ufuna mntwana mni?	Inkwenkwe okanye intombazana?
Uthanda mntu mni?	Uthanda bantu bani?
Ukhetha msebenzi mni?	Ukhetha mifuno mini?
Ufuna phepha lini?	Ufuna maso mani?
Ukhetha siqhamo sini?	Ufuna ziqhamo zini?
Ukhetha nja ni?	Uthanda zingobozi* zini?
Wenza luthambo* (exercise) luni?	
Ukhetha butywala* (alcohol) luni?	
Ukhetha kutya kuni?	

As you can see the **initial vowel** of the **prefix** of the noun has been omitted and its corresponding adjectival concord is prefixed to ‘-ni’.

***Note:** the reappearance of the consonant associated with nouns of **Class 10** (z), **Class 11** (l) and **Class 14** (b).

Note also: This occurs in the **locative** in **Classes 10** and **11**:

iintaba	> ezintabeni	on / at the mountains
iindlela	> ezindleleni	on the roads
iindawo	> ezindaweni	at places
iinxweme	> ezinxwemeni	at the coasts
iindonga	> ezindongeni	at / on the walls
unxweme	> elunxwemeni	at / on the coast
udonga	> eludongeni	at / on the wall

7 Exclamations

There are a number of frequently used exclamations in Xhosa which add 'spice' to the language. Here are some examples:

Annoyance

I-i...! / ish!	Go away! You tire me out!
Nxa!	Damn!
Nx!	Damn!

Assertion

Nako ke!	There you are!
----------	----------------

Comfort

Ngxesiii!	Let me kiss it better! (to a child)
-----------	-------------------------------------

Compassion

Mawo-o-o!	I'm sorry!
Yeha!	Oh dear!
Torho! / Torhwana	Shame! (cf. Afrikaans 'tog')

Congratulations

Halala!	Hurrah!
Huntshu!	Hurrah!

Emphatic affirmation

E-e!	Yes!
Hayi ke!	Sure!
Heke!	Well then!
Ngxatsho ke!	Excellent! / To the point!

Emphatic negation

Hayi bo!	No way!
Hayi khona!	Absolutely not!

Pain

Shu!	Ouch!
------	-------

Regret

Owu!	Alas!
Ngxe!	Sorry!
Hayi ilishwa!	Oh dear!

Relief

Qabu!
Kwekhu, tshotsho ufike!

Surprise, astonishment

(Oo / Awu) Nkosi yam!	Dear Lord!
Yho! / Yhu!	Gee whizz!
Tyhini!	Gosh!
Tyho! Tyhu!	Good heavens!
Kwowu!	Oh!
Mawo!	My! / Wonderful!
Nyhani!	Really!
Kazi!	I wonder!

Warning

Heyi ... heyi ... heyi	(accompanying gesture of
(andifuni loo nto)	shaking one's finger at a person)

How to apply it

1 Match the road signs with the English equivalent

The equivalents are: (a) Dangerous curve, (b) Dead end, (c) Caution, (d) Road closed, (e) No overtaking, (f) Do not enter, (g) Roadworks ahead, (h) Road flooded, (i) Emergency exit and (j) Drive carefully.

- 1 Indlela iyaphela
- 2 Indlela ivaliwe
- 3 Indlela iyalungiswa phambili
- 4 Igophe eliyingozi
- 5 Qhuba kakuhle
- 6 Eyakuphuma ngesiquphe
- 7 Lumka
- 8 Ungangeni
- 9 Indlela igqunywe ngamanzi
- 10 Ungayigqithi enye imoto

2 Ask the condition of the road

- (a) Is the road good? Ingaba _____
 (b) Is the road safe? _____
 (c) Is it a tar road? _____
 (d) Is it a gravel road? _____
 (e) Is the road still under construction? _____
 (f) Is the road already open to traffic? Ingaba _____
 _____ kwizithuthu?

3 You are lost in a town and ask a passerby for directions

- (a) *Excuse me sir. Could you help me? I am lost.*
 Ufuna ukuya phi?
 (b) *I want to go to a shop called Kwantu Crafts. Do you know it?*
 Ewe, ndiyayazi. Ikufutshane kakhulu xa ulapha. Ndiza kukucacisela indlela. Hamba ngqo. Ekoneni yokuqala ujike ngasekunene. Uza kudlula ezinye iivenkile. Ekoneni elandelayo ecaleni lasekhohlo uza kubona ivenkile yezaKwantu. Ungathanda ukuba ndikukhapse?
 (c) *No, thank you, I understand where to find the shop. It seems very near indeed. First I go straight, then right and then I must turn left.*
 Kulungile. Hamba kakuhle.
 (d) *Thank you very much, sir. Goodbye.*

4 Complete the questions

- (a) _____ ma phi iitekisi?
 (b) _____ khona iibhasi _____ ya eRhini?
 (c) Kukho ibhasi _____ ya eRhini namhlanje?
 (d) _____ phi isikhululo _____ bhasi?
 (e) _____ ma phi ibhasi _____ ya esitishini?
 (f) Iitekisi _____ nqabile na ku _____ ndawo?

5 Ask

- (a) _____ khona _____ (a garage) endleleni?
 (b) _____ (a shop) endleleni?
 (c) _____ isikhululo samapolisa endleleni?

6 Ask for the nearest

- (a) shop Indawoni _____ kufutshane?
 (b) hospital Sindawoni _____ kufutshane?
 (c) police station Sindawoni _____ kufutshane?
 (d) phone Indawoni _____ kufutshane?
 (e) doctor Undawoni _____ kufutshane?
 (f) petrol station Indawoni _____ kufutshane?
 (g) place ('dorp') Indawoni _____ kufutshane?

7 Ask somebody

- (a) to give you a lift Unga _____ ?
 (b) to help you Unga _____ ?
 (c) to lend you a jack Unga _____ ?
 (d) to show you the way to
 Grahamstown Unga _____ ?

8 Tell the mechanic what's wrong with your car

- (a) The lights are not working. Izibane _____ sebenzi.
 (b) The hooter is not working. Uphondo _____ sebenzi.
 (c) The handbrake is not working. Ibhreki _____ sandla _____ sebenzi.
 (d) The fan belt is broken. Ifenibelti _____ sebenzi.
 (e) The windscreen wiper is
 not working. Isihlambi _____ festile
 _____ ngaphambili _____ sebenzi.
 (f) My left rear light is not working. Isibane sam _____ ngasemva
 _____ sekhohlo _____ sebenzi.

9 What can be wrong with your car?

- (a) I have a flat tyre. Ndin vili _____ ngen moya.
 (b) My right front tyre is flat. _____ vili _____ m _____ ngaphambili
 _____ sekunene _____ flethi.
 (c) My car has broken down. Imoto _____ m _____ aphukile.
 (d) My car is stuck. Imoto _____ m _____ xingile.
 (e) My car won't start. Imoto _____ m _____ qhwithi.
 (f) It needs water. _____ funa amanzi.
 (g) It has run out of petrol. _____ phelelwe _____ petroli.
 (h) My car battery is flat. Ibhetri _____ moto _____ m _____ file.
 (i) My car must be towed. Kufuneka imoto _____ m _____ tsalwe.

10 What has been stolen?

- (a) Imoto yam ___biwe.
 (b) Ujack ___m ___biwe.
 (c) Ivili ___m lolaleliso ___biwe.
 (d) Isipaji (wallet) ___m ___biwe.
 (e) Ingxowa ___nkosikazi ___m ___biwe.

11 Read the dialogue and answer the questions

- A Uxolo, Mnumzana, ungandixelela ukuba kukude kangakanani ukusuka apha ukuya eCala? Kukude kakhulu?
 B Hayi, akukude. Kukufuphi.
 A Ziikhilometha ezingaphi?
 B Ndinga ukuba malunga neekhilometha ezilishumi.
 A Ingaba indlela intle?
 B Ayimbi gqitha, kodwa ayintle kanjalo.
 A Asiyondlela yetha?
 B Hayi, asingomgaqo wetha, ngumgaqo wegrabile kodwa ngethamsanqa awumxinwa, ubanzi noko.
 A Kulungile. Phambi kokuya eCala singathanda ukubuka idolophu yakho kancinci. Unokusixelela apho kukho indawo ekhuselekile yokumisa imoto?
 B Ewe ikhona. Hamba *ngqo*, kwisiphambuka esilandelayo ujike ngasekhohlo uza kubona ibala lokupaka elikhulu elikhuselekileyo ecaleni lasekunene.
 A Enkosi kakhulu, Mnumzana.
 B Ndlela ntle.
- (a) Umqhubi ufuna ukuya phi?
 (b) Ziikhilomitha ezingaphi ukuya apho?
 (c) Injani indlela?
 (d) Yindlela ni?
 (e) Kutheni umqhubi efuna indawo yokumisa imoto yakhe?
 (f) Ufuna ukupaka imoto yakhe ndawoni?

16

Umzila welifa likaXhosa Xhosa heritage trail

In this Unit you will learn how to:


- ask about someone's holiday
- ask where someone went
- describe travel route
- express delight



Incoko

The Murrays discuss their recent trip with the Thamsanqas.


- UThemba Belinjani ikhefu lenu emaXhoseni? Nibe nohambo olumyoli?
 UPeter Belungummangaliso nangona besineenkathazo zemoto ezimbalwa kodwa ngethamsanqa sancadwa ngabantu abanobubele gqitha!
- UThandi Heke, ngesiqhelo kunjalo ke emaphandleni. Kanene, beniyephikanye?
- UJenny Siluqale ukhenketho lwethu ePeddie. Ukususela kwiintsuku zam zokufunda isiXhosa eyunivesithi, soloko ndafuna ukutyelela iindawo zembali yamaXhosa eMpuma-Koloni. Kanene, yintoni 'iPeddie' ngesiXhosa? Ndilibele.
- UThandi YiNgqushwa, wethu!
- UJenny Oo, ewe, kanene. Heke, siye eNgqushwa kuba besifuna ukubuka laa mthi wodumo – umthi womqwashu. Emva koko, sasinga eQonce kwimyuziyam yeKaffrarian apho kukho khona inkitha yezinto zakwaNtu ezidala umdla kakhulu. Emva kwemini saya kwikhaya likaSteve Biko. Sabona kwanendawo apho wafihlwa kuyo.
- UPeter Ngemini elandelayo, yekoko ukusinga kuBelekazana; sihambe ngokugwegweleza sadlula kuQoboqobo saya kutshokummandla wAmalinde.



- UThemba Oo **Amalinde**! Niyazi, kulapho kwaliwa khona elinye lamadabi amabi kwimbali yamaXhosa.*
- UJenny Kakade! Lidabi elo elixelwa kumbongo kaJolobe 'UTHuthula', *omnye wemibongo yethu eyunivesithi.
- UThemba Wonke ummandla lowa ngasezintabeni z**Amathole** uzele ziindawo zembali yamaXhosa. Kukho iindawo ezininzi ezithiywe ngamakhosi ama**Rharhabe**.
- UPeter Unyanisile. Sidlule idama lika**Sandile** kwaye sibone nengcwaba lika**Ngqika** endleleni eya e**Dikeni**.
- UPeter **EDikeni** sibe nomdla kakhulu ukutyelela i**Lovedale College** ne**Yunivesithi yaseFort Hare** apho u**Nelson Mandela** wayengumfundi khona kunye nezinye iinkokeli zanamhlanje.
- UJenny Mna, ndisand' ukufunda incwadi *The Ochre People* ebhalwe ngu**Noni Jabavu**. Ngoko ke bendifuna kakhulu ukufumana umzi kayise, u**Profesa Jabavu**, owayehlala e**Xesi** xa wayenguprofesa weelwimi zakwaNtu e**Fort Hare**. Ingaba nina nakhe nayifunda le ncwadi?
- UThandi Ewe. U**Noni Jabavu** ubhala kakuhle kakhulu, atsho ububone ubuhle balo mmandla. Enye into uzoba umfanekiso omhle

*See p.254 for historical context

- ngemo-ntlalo nezithethe zamaXhosa ngaloo maxesha. Niyifundile kanjalo enye incwadi yakhe u**Drawn in Colour**?
- UJenny Ewe, andithi kanene waqala ngayo?
- UThemba Nawufumana ke umzi ka**Jabavu**?
- UJenny Hayi, ngelishwa asibanga nampumelelo!
- UThandi Nasinga phi emva koko?
- UPeter Sahlala ku**Belekazana** iintsuku ezimbalwa. Yho! Ubuhle baloo mmandla buqaqambile. Uxolo olulapho! Nokuzola! Amahlathi elo zwe neengxangxasi ezixhomis' amehlo, neentaka ezintlobo-ntlobo nentsholo yazo zizinto ezingummangaliso ukuzibona!
- UThemba *Bekuxhelw' eXhukwane* kuwe, Peter, wena mntu wendalo!
- UPeter Yitsho uphinde! Yiyo loo nto sigqibe sihlala phaya zonke ezo ntsuku.
- UJenny Indawo elandelayo esityelela kuyo ibiyi**Cumakala**. Besifuna ukubona ingcwaba lika**Sandile** kodwa salahleka sancama. Sathi masilande kumkhondo wakhe kodwa sapheliswa lixesha.
- UPeter Ngemini elandelayo, sasinga e**Mtata**. Endleleni, sicande amadlelo amahle, iinkomo neegusha zithe *gqa gqa gqa* emathambekeni ukudlula kooma**Qumrha**, nooma**Gcuwa**, nooma**Dytuwa**. Sinjani ukunqwenela ukutyelela i**Qunu** apho wazalelwa khona u**Nelson Mandela**. Ngelishwa, ikhaya elo lakhe lobuntwana alisekho kodwa sisekho sona isikolo sakhe.



UThemba Nibe nalo ixesha lokuya elunxwemeni?
 UPeter Kakade! Sihlale e**Mzimvubu** iintsuku zantathu. Indalo apho!
 Iinduli ezihla ukuya elunxwemeni, amanqugwala namasimi
 ombona! Inene *ilizwe liyintombazana kwelo!*



Courtesy T.V. Bulpin

UThemba Hayi, mfowethu, utsho ndanekhwele!
 UJenny Endleleni eya e**Mzimvubu** sidlule ivenkile yangaphandle
 yakudala e**Libode**. Yandikhumbuza isincoko sika**Jolobe**
 'Ivenkile Yangaphandle'. Kodwa eyona ndawo ebesifuna
 ukuya kuyo kuse**Cala**.
 UThandi Nibizwa yintoni e**Cala**?
 UJenny Besimenywe ngabahlobo bethu.
 UThandi Nenza ntoni ke apho?
 UJenny Sithabathe inxaxheba ebomini bemihla ngemihla. Yaye,
 ububele esibufumene kubantu balapho buyamangalisa.
 Ngorhatya singqonge umlilo siphulaphule iintsomi
 njengemihla yakudala!

Isigama

uhambo	trip	eXesi	at Middledrift
nangona	although	atsho ububone	so that you see
ummangaliso	a delight	imo-ntlalo	way of life
ububele	kindness	isithethe	custom
ukhenketho	trip	andithi kanene?	aren't I right
ukususela kwa-	since		in saying?
imbali	history	-qaqambile	stunning
udumo	fame	ukuzola	tranquillity
umthi womqwashu	milkwood tree	amahlathi elo zwe	indigenous forests
-linga e- / ku-	head for	ingxangxasi	waterfall
eQonce	to KWT	ezixhomis' amehlo	sight for sore eyes
imyuziyam	museum	izintlobo-ntlobo	different kinds
-fihlwa	be hidden,	intsholo	singing
	i.e. buried	-xhelw' eXhukwane*	be delighted
apha wafihlwa	where he	umntu wendalo	nature lover
	was buried	yitsho uphinde!	say that again!
kuyo	at it	eCumakala	at Stutterheim
yekoko ukusinga	and off we went	salahleka	we got lost
kuBelekazana	to Hogsback	sancama	we gave up
-gwegweleza	make a detour	sathi	we wanted
-dlula	pass	masilande	to follow
ummandla	region	umkhondo	track
idabi	battle	-canda	cut through
umbongo	poem	amadlelo	pastures
-zele + cop.	filled with	iinkomo	cattle
-thiywa	be named	iigusha	sheep
idama	dam	-thi gqa gqa gqa	dotted
eDikeni	to Alice	amathambeka	slopes
inkokeli	leader	iGcuwa	Butterworth
ndisand' ukufunda	I've just read	unxweme	coast
umzi kayise	her father's home		

*lit. An animal has been slaughtered at **Xhukwane**.

Xhukwane in the **Middledrift** district was known as a residential area where the people lived in dire poverty and where meat was a rarity. When, therefore, anyone slaughtered a beast it was cause for rejoicing for all the inhabitants. This saying was coined by A.C. Jordan in *Ingqumbo Yeminyanya (The Wrath of the Ancestors)*: 'Kwakuxhelwe e**Xhukwane** kuDingindawo asakubona ngathi zimbi ngakuZwelinzima.' (Dingindawo was **delighted** to see that the tables were turning on Zwelinzima.)

eMzumvubu	at Port St John	isincoko	essay
induli	hill	-menywa (<memba)	be invited
ingugwala	round hut	-ngqonga	sit around
amasimi	fields	umlilo	fire
ilizwe liyintombazana	the country is beautiful (lit. the country is a young girl)	intsomi	folktale
		njengemihla	like days
ndanekhwele	you've made me quite jealous!	yakudala	of old
ivenkile yangaphandle	country store		

How to ...

Ask about someone's holiday

Belinjani ikhefu lakho / lenu?

Ibinjani iholide yakho / yenu?

Benibe nohambo olumyoli?

Ask where someone went

Ubuye phi kanye?

Beniye phi kanye?

Nibe nalo ixesha lokuya elunxwemeni?

Nenze ntoni ke apho?

Say how and where you went

Silugale ukhenketho lwethu -e-... / ku-...

Besifuna ukubukela ...

Emva koko sasinga e-... / ku-...

Ngemini elandelayo, yekoko ukusinga e-... / ku-...

Ngemini elandelayo sasinga e-... / ku-...

Sihambe ngokugwegweleza sadlula e-... / ku-...

Sahlala e-... / ku-... iintsuku ezimbalwa.

Indawo elandelayo esityelele kuyo ibiyi...

Endleleni sicande amadlelo amahle.

Express delight

Belungummangaliso!

Ubuhle baloo mmandla buqaqambile!

Indalo apho!

Bekuxhelw' eXhukwana kum!

Ilizwe yintombazana!

Amahlathi elo zwe neengxangxasi ezixhomis' amehlo!

Iintaka ezintlobo-ntlobo nentsholo yazo zizinto ezingummangaliso ukuzibona!

Ububele esibufumane kubantu balapho buyamangalisa.

How it works

1 How to express 'who' / 'whom' in relative clauses

Look at this verse from 'Umfo Endimthandayo' a poem by Samuel Edward Krune Mqhayi from the anthology *Indyebo Yesihobe*.

'UMFO ENDIMTHANDAYO

A FELLOW WHOM I LIKE (HIM)

Ndithand' umf' ohlamba futhi,

I like a fellow **who** washes often,

Ndithand' umf' ofunda futhi,

I like a fellow **who** studies often,

Ndithand' umf' olima futhi,

I like a fellow **who** cultivates often,

Ndithand' umf' oguqa futhi,

I like a fellow **who** kneels often,

Nanko k'umf' endimthandayo.'

That's the fellow **whom** I like.

Note the difference between 'Ndithand'umf' ohlamba futhi.' (I like the man **who** washes often.) and 'Nanko k'umf' endimthandayo.' (That's the man **whom** I like. (him))

umfo o- ... = lit. a fellow **who** ...

Here the **relative concord o-** connects the noun 'umfo' to the predicate 'ohlamba' of the **relative clause**.

umf' endimthandayo = lit. **whom** I like **him**

Here the **relative concord e-** prefixed to '-ndi-' = '**whom** I' introduces the relative clause which is completed by the object concord '-m-' = '**him**'.

Here are some other examples of **relative clauses with object concords** which you have met in the preceding units:

Ningafaka yonke into

eniyiqokeleleyo

kwezi ngxowa.

You can put everything

that you have collected (it)

into these bags. (Unit 9)

5 Place names

Many Xhosa place names derive from geographical features such as rivers, ponds, cliffs, mountains, plants and even animals found in a particular area. **Lusikisiki** takes its pleasant name from the sound of the reeds rustling in a nearby marsh, **Gonubie** (< *iQunube*) from the wild bramble berries which grow along the banks of the river. **Keiskamma**, shining water, **Tsitsikamma** clear water, are derived from the Khoi languages as are many other place names recognisable by their clicks. A number of Xhosa place names, especially the cities, have been adopted from English and Afrikaans:

Major cities	Izixeko ezikhulu	Known derivations
Cape Town	<i>iKapa</i> (<i>eKapa</i>)	< Xhosalised 'Cape'
East London	<i>iMonti</i> (<i>eMonti</i>)	< Afrikaans 'mond' i.e. the mouth of the Buffalo River
Durban	<i>iTheku</i> (<i>eThekwini</i>)	< Xhosa 'itheku' = 'bay'
Johannesburg	<i>iGoli</i> (<i>eGoli</i>)	< English 'gold'
	<i>iRhawuti</i> (<i>eRhawutini</i>)	< Afrikaans 'goud'
Port Elizabeth	<i>iBhayi</i> (<i>eBhayi</i>)	< Xhosalised 'bay'
Pietermaritzburg	<i>umGungundlovu</i> (<i>eMgungundlovu</i>)	= place of the elephant
Pretoria	<i>iPitoli</i> (<i>ePitoli</i>)	< Xhosalised 'Pretoria'
Some Towns in the Eastern Cape	Ezinye Iidolophu	
Alice	<i>zaseMpuma-Koloni</i>	
Butterworth	<i>iDike</i> (<i>eDikeni</i>)	< Xhosa 'idike' = pool
Fort Beaufort	<i>iGcuwa</i> (<i>eGcuwa</i>)	
Grahamstown	<i>iBhofolo</i> (<i>eBhofolo</i>)	(< English Beaufort)
Healdtown	<i>iRhini</i> (<i>eRhini</i>)	
Keiskammahoek	<i>iNxukhwebe</i> (<i>eNxukhwebe</i>)	
King Williams Town	<i>uQoboqobo</i> (<i>kuQoboqobo</i>)	
Lady Frere	<i>iQonce</i> (<i>eQonce</i>)	
Middledrift	<i>iCacadu</i> (<i>eCacadu</i>)	
Peddie	<i>iXesi</i> (<i>eXesi</i>)	
Port St. Johns	<i>iNgqushwa</i> (<i>eNgqushwa</i>)	
Queenstown	<i>uMzimvubu</i> (<i>eMzimvubu</i>)	(at the home of the hippos)
Somerset East	<i>uKomani</i> (<i>kuKomani</i>)	
Stutterheim	<i>uNojoli</i> (<i>kwaNojoli</i>)	(< <i>ijoni</i> = English soldier)
Uitenhage	<i>iCumakala</i> (<i>eCumakala</i>)	
	<i>iTinarha</i> (<i>eTinarha</i>)	

Terminology related to administrative divisions

location, settlement, village	<i>ilali</i> (< Afrikaans 'laager')
village	<i>idolophana</i>
town	<i>idolophu</i> (< Afrikaans 'dorp')
city	<i>isixeko</i>
capital	<i>ikomkhulu</i>
district	<i>isithili</i>
area, constituency	<i>ingingqi</i>
region	<i>ummandla</i>
province	<i>iphondo</i>

6 Word adaptations

'Xhosa has manifested itself as a dynamic, vibrant, virile language adaptable to, and developing in harmony with, the changing environment.' → see Introduction p.6

Here are a number of examples of this aspect of the Xhosa language some of which you have come across in this book:

- **confer degrees, cap** = *ukuthwesa isidanga* – original meaning of 'ukuthwesa' = to **crown**, put something on the head; original meaning of 'isidanga' = necklace of many strings of beads
'Wayethweswa isidanga sembeko sobugqirha boncwadi (iD Litt) yiyunivesithi yaseFort Hare ngowe-1974 yokumbulela ngokubhala kwakhe isiXhosa.'
- **capital** i.e. money = *inkunzi* – original meaning of 'inkunzi' = 'a bull'. Cattle (*iinkomo*) have always been the centre and pride of Xhosa life, representing wealth and respect. Apart from supplying milk, meat and leather for clothing, they play a very important part in ancestral sacrifice and in bridal payment (*ilobolo*). In urban life money, 'capital', has largely replaced cattle as a symbol of wealth.
- **way, road** = *umgaqo* – original meaning **animal track**
- rules, regulations** = *imigaqo*
- grammar** = *imigaqo-ntetho*
- constitution** = *imigaqo-siseko*

- **headquarters, depot** = **iziko** –
original meaning **hearth**
in centre of **hut**
- polling **booth** = **iziko lovoto**
- civic **centre** = **iziko loluntu**
- **electricity** = **umbane** –
original meaning
lightning
- **telephone** = **umnxeba** –
original meaning
rope
- **library** = **ithala lencwadi** –
original meaning **shelf in a hut**
- **book, letter** = **incwadi** original meaning thin
transparent **coat of the poisonous**
bulb *buphane disticha*: 'incwadi'
- **page** = **ikhasi** – original meaning
ensheathing leaf of mealie cob
- **source, channel** = **ijelo** – original meaning **tube, reed**
to spurt water through when smoking
- news **channels** = **amajelo eendaba**
- reliable **sources** = **amajelo athembekileyo**
- **weather forecaster** = **isanuse semozulu** – original meaning
'isanuse' = diviner (< **nuka** = to smell).



How to apply it

In this unit, instead of the usual variety of exercises, you will find a number of Xhosa texts where you can exercise your **reading skill**. Some English texts are also included and these together, with the ones in Xhosa, should whet your appetite to learn more about Xhosa literature, history, culture and tradition.

JAMES JAMES RANISI JOLOBE (1902–1976) Ulibone ilanga ngowa-25 Julayi ngonyaka we-1902 e**Ndwe** ngase**Cala** apho uyise wayengumfundisi khona. Wafumana imfundo yokuqala e**Ndwe** nase**Matatiele**. Ngo1916 wathunyelwa e**Mthwaku**. Ukususela ngo-1919 ufundise kwizikolo ngezikolo.

Ngelo xesha wayehlala ngase**Mt.Frere** apho kuthethwa isiBhaca, isiHlubi nesiSuthu khona. Ngoko ke isiXhosa sakhe sasibuthathaka. Incwadi yakhe yokuqala *UZagula* yalungiswa kunene ngu**S.E.K. Mqhayi**, Imbongi yeSizwe. Phofu, xa wayengutitshala e**Bhobhotyane** nase**Mankazana**, wafunda isiXhosa esithethwa ngamaNgqika omgquba. (→ See next page) Ngo-1926 uye e**Fort Hare** e**Dikeni**. Apho waqeqeshwa kwimfundo yobufundisi waza waphumelela neB.A. Ukususela ngelo xesha upapashe iincwadi ezininzi – umzekelo *Umyezo*, *Amavo*, *Elundini loThukela* nezinye. *UThuthula* yimbalasane kwizibongo zikaJolobe ngakumbi ezothando. Ngumbongo-mbaliso osikhumbuza ngoHelen of Troy.

Wahlela iincwadi ezininzi. Kananjalo ukwaguqulele ezinye esiXhoseni. Ngo-1952 wathiwa jize ngeMbasa kaVilakazi* yiYunivesithi yaseWitwatersrand. Wayethweswa isidanga sembeko sobugqirha boncwadi (iD.Litt.) yiyunivesithi yase**Fort Hare** ngowe-1974 yokumbulela ngokubhala kwakhe isiXhosa.

UGqirha Jolobe usweleke ngomhla we-16 Meyi ngo-1976.


UJolobe akasayi kulityalwa kwimbali yolwimi lwamaXhosa kuba ulutyebisile watyebisa *nkqu* isithethe sawo.

wathunyelwa	was sent	umbongo-mbaliso	narrative poem
izikolo ngezikolo	different schools	wahlela	he edited
lindawo ngeendawo	different places	wathiwa jize	he was awarded
sasibuthathaka	was weak	iMbasa kaVilakazi*	the Vilakazi Medal
yalungiswa kunene	was extensively corrected	yokumbulela	in acknowledgement
		usweleke	he died
Imbongi yeSizwe	Poet Laureate	akasayi	he will never
upapashe	he published	kulityalwa	be forgotten
yimbalasane	is the outstanding	ulutyebisile	he has enriched it
kwizibongo	among the poems	watyebisa <i>nkqu</i>	(the language)
ezothando	lit. of things of love	isithethe sawo	and even Xhosa culture

